


IMPEMBELELO

 Bawo wethu waseZulwini, ngenene sinombulelo ngale mvakwemini ngako oku, enye inyhweba yokuma epulpitini, ukubabaza obungaphandekiyo ubutyebi buka Yesu Kristu, kwihlabathi elifayo elingenaThixo, lingenaKristu, lingenathemba, kwaye kungekho themba lakuhamba noYesu xa Ebuya. Kwaye siyazama, Nkosi, ukuveza uYesu Kristu ezizweni. Kwaye ngelixa sihlangeneyo apha ngale mvakwemini, wanga uMoya oyiNgcwele ungathetha kwaye ufudumeze iintliziyi zethu, kwaye usikhuthaze eNdleleni, banga abagulayo bangaphiliswa kunye naboni basindiswe, nabo batyafisiweyo bakhuthazwe. Kwaye wanga uThixo angamkela lonke uzuko nembeko, kwaye yanga inganikizelwa eGameni Lakhe, kubo leyo yinjongo yethu. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Hlalani.

² Ndiyavuya ngale mvakwemini ukuma apha kwakhona, kwaye eBeaumont. Kwaye ndisoloko ndidiniwe. Ndibe ndiqhubeka kusukela kwiKrisimesi, ukuqhubeka. Ayikuko kangako ngokushumayela endikwenzayo, okundenza ndidinwe. Yimibono endenza ndidinwe. INkosi yethu, omnye wamenza Yena waphethuka, waze wathi amandla Akhe amkile kuYe. Umbono omnye phezu komprofeti, uDaniyeli, wathi wayekhathazekile entlokweni yakhe iintsuku ezininzi. Kwaye ke thina—thina asinazikucacisa ezo zinto. Siyazi nje ukuba zinjalo, kwaye akukho bani waziyo ngcono kunabo abo yenzeka kubo. Kwaye ke siyavuya, nakubeni kunjalo. Into endizama ukuyenza kukusebenzisela isipho sobuprofeti kumsebenzi wobuvangeli, kwaye nje ayisebenzi ngalo ndlela, kakuhle. Inzima kakhulu.

³ Ke, kodwa ndifuna ukutsho oku, xa ndifika ekupheleni kwendlela, naxana esi sixeko apha sivuka, kwaye ukuba i . . . esi sizukulwana kwimihla yokugqibela, a—andifuni nalinye igazi lomntu phezu kwam. Ndifuna ukuba ngokhululekileyo kulo lonke igazi. Kwaye ndikuzamile okwam okungcono uku—ukuyiveza ngendlela yeSibhalo, olu lungiselelo ethe iNkosi yandinika lona, kuyo yonke indlela endiyaziyo yenziwa njani. Kwaye ndiyazi uMoya oyiNgcwele, ngobabalo Lwakhe, undenze ndaphila njalo, okokuba andicinga ukuba kuye kwabakho nawaphi amabala.

⁴ Ndinombulelo kuMzalwana uPeary Green nakwaba bazalwana apha abathe benza imizamo yabo ukwenza lomhlangano ubunempumelelo. Ukuba kukho nabani ulahlekayo, kwesi sixeko, kwesi sizukulwana, ngokuqinsekileyo ayisayi kuba phezu kwaba abafu, ngokuba banqike lonke ilitye ukuzama ukuyenza ibe ne—nempumelelo. Ukondla

abantu, ukubafumanela iindawo zokulala, kunye—kunye nakumabonwakude, ndaweni yonke, nje ukuthabatha imali esuka ngqo ezipokothweni zabo nokuyikhupha, ukuze... Bathe bayazi i—i—izihlwele esinazo aziyikubanakho ukuxhasa okunjeya, kwaye ke bayikhuphe ezipokothweni zabo, ukuyenza.

⁵ Ke ndicinga ukuba oko kuyamangalisa, njengomntu othile enombono onjeya. Ndiyakholwa kwatshiwo ngaphaya kumaHebhere, isahluko se-11, “Abo ihlabathi lalingabafanelanga.” Kwaye ukukhupha intamo yabo, kwixesha apho u—ulungiselelo lungabalulekanga kangako phakathi kwabaninzi abantu abafanele balikholelwe. Abo ba . . .

⁶ Kuthethiwe malunga nalo, kodwa, xa into ethile isenzeka, ngeloxesha bayasilela ukuyibona. Kodwa ifanele ibe ngalo ndlela. Wena—wena ufanele nje umise nkqo amagxa akho uhambe, ukwazi oko. Khumbulani, ngaphambi kwenu, yabe iyinto enye. Bahamba behla ngendlela ngohlobo olunye. Abantu zange bayazi iyure yabo yokutyelwa. Namnye umprofeti owakhe waziwa.

⁷ UYesu wathi, “Nibafake emangcwabeni. Nihombisa amangcwaba abo ngoku. Ningabo abathe babafaka phaya. Ngowuphi athe uThixo wamthumela eningathanga namtshutshisa kwaye nambulala?”

⁸ Masiyithathe ukusekela ngoko. Ukuhla ukuza ngoMartin Luther, kunye nokuhla, kulungile, u-Irenaeus, noMartin oNgwele. Kunye nabo bonke ukwehla ngazo izigaba ibe iyindlela enye, kwa nkqu nakuJona... UJoan wase Arc, umprofetikazi weNkosi.

⁹ Kwaye nina bantu bangamaKatolika. Xa la mfazi wayenokubona imibono, nanjalo njalo, kwaye abaxelele, yayiyakwenzeka njengoko ebetshilo. Yintoni enayenzayo? Namtshisela esibondeni, ngokuba ligqwirha. Malunga namakhulu amabini eminyaka kamva, navuka naza nafumanisa oko nikwenzileyo. Kakade, benza ungxengxezelo, bomba imizimba yabo bapristi abenza ukuba atshiswe, baza bayilahla emlanjeni. Olo lungxengxezelo olukhulu lokwenza. Basilela.

¹⁰ Bathi uPatrick oNgwele waye engumKatolika. Nabani na oyaziyo imbali uyazi ukuba oko kuyaphosisa. Yena ngokuqinisekileyo, ngokungathandabuzekiyo, akazange wavumelana nopo. Zange aye kuhlala... E—ebengayi kuyikholelwa konke konke. USucat yayiligama lakhe; yayingengo Patrick oNgwele. Kodwa emva kokuba wayefile kwaye emkile, kwaye nina nabulala amawaka abantwana bakhe. Izikolo zakhe, ebengayi kuvumela umnqamlezo okanye kwanto ukuba ibe sezikolweni zakhe, kwaye isamile, phezulu eMantla e-Ireland namhlanje, into ekwanye. E—ebengayi kuvumela okuya kungene ezikolweni zakhe. Wathi, “Abantu bayakujonga emifanekisweni, endaweni yoko afuna bakubone.”

Wayenamandla kaMoya oyiNgcwele. Wayethetha ngeelwimi. Wayenemimangaliso emikhulu nemiqondiso. Kutheni ibandla lingakushumayeli okuya namhlanje? Yabona?

¹¹ Kwaye bonke abo bantu, zange babazi bade babe bamkile, bagqithile, emva koko sizame ukwakha amangcwaba abo. Kuyinene ukuba siphila kwi. . .

¹² Ibandla lisoloko liphila kukhanyo lomnye umhla. Kwaye, ngoko, ukhanyo kukukhanya okububuxoki. Yintoni ukhanyo? Kunjengokhanyo oluyinkohliso endleleni. Ilanga likhanyisa phantsi lize lenze ukhanyo oluyinkohliso. Ikhangeleka ngathi ngamanzi, kodwa, lona, akusokuze ufike kuyo; ayikho phaya. Leyo yindlela abantu abenza ngayo namhlanje. Bathembisa into eyakuba secaleni kakhulu, okanye ekude ekude kakhulu phaya, okanye kude phezulu apha, kodwa zange bafike kuyo.

¹³ Ndinombulelo kakhulu wokuba uThixo wethu akangoThixo onjeya. “Usenguye izolo, namhlanje, naphakade.” Sifika kuyo xa siyikholelwa. Ikhona phaya, yonke into ethe yathenjiselwa esi sigaba. Ikwenza kube nzima, kodwa noko njengoko kufanele siqhubeka nje ngohlobo olunye, sikholelwa.

¹⁴ Kwaye ndinibulela kakhulu nonke ngentsebenziswano entle ngelixa ndilapha esixekweni.

¹⁵ Ndandilapha iminyaka emininzi eyagqithayo kunye nomhlobo wam omdala, uMzalwana uBosworth, kunye noRaymond Richey, kunye nabaninzi abazalwana beza ngapha. Ndisakholelwa iVangeli ekwanye. Andikatshintshi nentwana; nje into ekwanye. Kodwa, niyabona, imvuselelo yayiqhubeka ngoko. Kwaye apho kungekho mvuselelo, akunakukwenza izinto zenzeke.

¹⁶ Ulungiselelo luhambele phambili kakhulu. Yayinixelela kuphela, ngoko, oku kuyakufika. Bangaphi abakukhumbulayo oko? Ngokuqinisekileyo, niyakhumbula. Kwaye yafika kanye ngokuchanekileyo ngohlobo eyathi iyakwenza.

¹⁷ Ngoko ndandiyakuthabatha abantu ndibeke izandla zam phezu kwabo; ndanixelela oko Awandixelela kona, kwaye oko nje yindlela eyenzeka ngayo. Yenzeka nje ngokuchanekileyo. Ayizange yasilela ekubeni yinyaniso, nganye kwaye lonke ixesha, ke ifanele ize isuka kuThixo. Akukho bani onokuthandabuza oko. Kodwa, niyabona, imvuselelo ayiqhubeki.

¹⁸ Nje ubukho benu, ukuhamba nabantu, kutheni, abantu bayakuphakama baphume emaqongeni okulala nakumathala okuthwala, baze bahamba hambe. Beka nje izandla zakho phezu kwabo, kwaye, bethu, oko kubenza bajikeleze. Ndibone imigca apho kuyakubakho amane namahlanu amakhulu abantu besiza ngemigca, izithulu, izimumu, imfama, amagxwemu, kwaye akukho namnye kubo othe wasilela kuphela koko baphiliswayo, bonke ngamnye kubo.

¹⁹ Yizame namhlanje. Yabona, akukho mlilo. ERoma, xa i—imililo yacimayo etempileni eVista, abantu bagoduka. Yabona? Ngoku akukho mlilo wemvuselelo ukuyixuma, yabona, yilonto nje.

²⁰ Emva kwethuba, ukuba ihlabathi limile, bayakuqalisa ukuphila kukukhanya okubengezelayo kwakhona. Yabona? Kwaye leyo yindlela eyabe isoloko iyiyo, igqithe ngaphaya kwaye ibaphose bona; kwaye esa sizukulwana kufanelwe sigwetywe ngoko kugqithe kuso, basilelele ukuyibona.

²¹ UYesu Kristu uyaphila ngale mvakwemini. Uyahambahamba apha kunye nathi ngoku. Usoloko ekhona. “Naphina ababini okanye abathathu behlangene eGameni laM, ndiphakathi kwabo.” Niyakholelwa oko, aninakukholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

²² Ndiyathemba, ukuba iNkosi ilibazisile, ndiyakubanakho ukubuyela ndize ndibe nani ngelinye ixesha, kwakhona. Ukuba andibanganakho ukunibona kwakhona; xa ndihlangana nani phaya kwiSihlala soMgwebo kaKristu, apho sonke siyakuhlanguka, khumbulani, ndinixelele iNyaniso. Ndiyakube ndisatsho okuya xa ndihlangana nani Phaya. Kude kube ngoko, yanga iNkosi inganisikelela, ngokutyebileyo.

²³ Ndithandazeleni. Ndiyayidinga imithandazo yenu. Andisekho mtsha njengoko ndandinjalo ngoko. Oko kumalunga neshumi elinesibini, ishumi elinesine leminyaka eyagqithayo.

²⁴ Kwaye othile undibuzile ngomnye umhla, wathi, “Umdala kangakanani, Mzalwana uBranham?”

²⁵ Ndathi, “Nje ukwegqitha amashumi amabini anesihlanu.” Ndathi, “Amashumi amabini anesihlanu eminyaka egqithileyo nda—ndayigqitha.” Kwaye ndi . . . aku . . . U—ungayixela. Indoda kuphela . . .

²⁶ Xa uzalwa, uyaqalisa ukukhula, njengekhandlela, okanye ukuvutha. Uyaphenjwa, kodwa uyakhula ude ube namashumi amabini anesibini ukuya kumashumi amabini anesithathu. Andikhathali nokuba uzikhathalela kakuhle kangakanani, uyaqalisa ukufa kanye phaya, kwaye uyaqhubeka ukwehla nokwehla de litshe liphele.

²⁷ Ndabuza, kumKiwani ngenye imini xa ndandithetha, ndathi, “Ndifuna othile . . .”

²⁸ Ugqirha wandixelela, wathi, “Andinakulikholelwa ibali likaKristu, ngokuba andinakulikholelwa uzalo ngentombi enyulu.” Wathi, “Andikholelwa ukuba kukho into enjeya.”

²⁹ Ndathi, “Uzalo lwendalo lolona lingumnqa kum kunozalo ngentombi enyulu.”

³⁰ Uzalo lwendalo, ukubona indlela elwenzeka ngayo, nendlela ekuthathwa isigqibo ngalo, xa okuya kungumungu, leliphii iqanda, xa kukho amawaka amathontsi embewu kunye

namawaka amaqanda. Hayi ukuhlangana kwamabini okuqala, oko kuyigqibile, kodwa mhlawumbi... Uthi, “Kuhle, ukuba amabini ngaphambili.” Owu, hayi. Yabona, iyakuma. Enye mhlawumbi iyakuvuka, ithontsi lembewu kanye emva kakhulu kwembewu, kweli cala, kwaye elisembindini weqanda lithatha isigqibo sokuba izakuba yintombi okanye inkwenkwe, intloko emnyama, intloko ebomvu, amehlo aluhlaza, okanye nantoni na eyakuba yiyo. Into ethile ithabatha esa sigqibo. Ezinye zazo ziyapheliswa.

31 Ngumnqa kakhulu ukubona umsebenzi kaThixo, uze emva koko ubone abantu nencinci ingqondo enesiphelo, njengoko sinjalo, izama ukuphika imisebenzi Yakhe emikhulu!

32 Lo mfo wathi kum, kuhle, waye “ngenakho ukukholelwa nantoni engenakubonakaliswa ngobunzululwazi.”

Ndathi, “Uyakholelwa ukuba unomphefumlo?”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo.”

33 Ndathi, “Ngoko bonakalisa ngobunzululwazi kum unawo.” Ndathi, “U—uyakholwa ukuba kukho into enjalo njengothando?”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo.”

Ndathi, “Uyamthanda umfazi wakho?”

“Ehe.”

34 Ndathi, “Ngoko ndibonise, ngobunzululwazi, okokuba yeyiphi indawo kuwe eluthando. Ndifuna ukuthenga oluthile. Ndiyakuya evenkileni yamayeza, naphina apho bayithengisa khona. Ndifuna inqwaba yalo. Ndingathanda ukuthenga uthando oluthile.” Yabona? I. . .

35 Sonke isikrweqe sikaThixo singaphezu kwendalo. Uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ubulali, umonde, kunye noMoya oyiNgewe. Yabona? Sonke isikrweqe sekholwa kukujonga kokuNgabonwayo, ukukholelwa koko kuthethiweyo. Yabona? Akukuboni oko ukukholelwayo. Yabona? Akukuboni. Akukuboni kona, kakade. Uyakujonga, ngamehlo akho; ubona ngentliziyo yakho. Yabona? Ujonga nakweyiphi into, uthi, “Andiyiboni nje,” uthetha ukuba akuyiqondi. Yobona?

36 Ngoko ndambuza oku, ndathi, “Ukuba ndinengobozi yamanzi, ndize ndibeka iglasi apha. Kwaye ndigalela amanzi ukusuka kulengobozi, ukusa eglasini, ize ibesesiqingatheni ukugcwala; ndize emva koko ndiqhubeke ndigalela amanzi, kuze emva koko iqalise ukwehla. Ngokobunzululwazi ndixelele kuphi apho amanzi aya khona.” Yabona?

37 Ndathi, “Xana ndandiyinkwenkwe encinci, ishumi elinesithandathu leminyaka ubudala, ndandisitya ukutya okunye endikutyayo kanye ngoku, iimbotyi, isonka, iitapile, inyama.” Ndathi, “Lonke ixesha ndisitya, kwenze ntoni? Kwakhe

iiseli zegazi, ndaba mkhulu kwaye ndomelela, lonke ixesha. Kwaye xa ndifika malunga namashumi amabini anesibini... Nditya ngakumbi nangcono ngoku kunokuba ndenzayo ngoko, kuba ndandingenako ngoku ukuba nditye, kodwa nditya ngaphezulu nangcono kunokuba ndandisenza. Ngoku, ndiba mdala nabuthakathaka. Kwaye, noko, okwa kutya kwakha iiseli zegazi. Ndongeza ubomi obutsha lonke ixesha, kwaye ndisehlela lonke ixesha." Lixesha elibekiweyo ledinga. Sizakuligcina, oko kukuThixo. Injalo lonto. Siyaya.

³⁸ Akunakubonakalisa ngokobunzululwazi uThixo. Uyamkholelwa nje uThixo, kwaye uMkholelwe ngokweLizwi Lakhe.

³⁹ Ngoku, ngale mva kwemini, ndifuna ukubulela ngamnye kuni nonke. Lona ulungileyo udade omncinci phaya kwi—kwipiyano, lona ngapha. Nani nonke bantu, balungiseleli, nonke ngamnye kuni, iNkosi inisikelele.

⁴⁰ Ubusuku abusokuze bubemnyama, imvula ayisayi kuna ngamandla, kodwa ndiyakukunceka ukuba ndinganakho. Ndandiqhele ukuthi ndingeza kuwe, kodwa kukho abaninzi ngoku. Iyiyo, ndibe ndikwihlabathi lonke, niyabona, kwaye ikwindawo yonke. Kodwa nje ndifoneleni, okanye nindibhalele ileta; ndiyakunithumelela ilaphu lomthandazo, nantoni na endinokuyenza, yonke into ingesisa ngenene. Akukho mali koku. Yabona? I... .

⁴¹ Ndiyigcine imihlangano yam ngolu hlobo ukuze ndibe nakho ukuza apho bangenayo namali. Ndibambe umhlangano, apho kungekudala, ku—kumnquba onokuthabatha kuphela amashumi amabini abantu, umhlangano wobusuku obubini. Kwakukubi kakhulu, ezantsi malunga neshumi ngaphantsi kweqanda, kodwa iNkosi yayindithumele phaya kwaye izinto ezinkulu zenzeka.

⁴² Andinazo—andinazo iinkqubo ezinkulu, unomathotholo, umabonwakude, zonke ezinye zezizinto. Abanye abazalwana banako okuya. Mhlawumbi bangabe bakrelekrele, amadoda akrelekrele. Bayakwazi amabakwenze, kwaye iNkosi iyabanika. Njengo, Oral Roberts, kunye namadoda njengalawa abafanele babenamawaka eedola ngemini, akanakusebenza ngenye indlela; kwaye oko kokwesizathu esilungileyo. Kwaye oko asikuko okwam.

⁴³ Ndifuna olwam luhlale luluncinci kwaye luthobekile, naphina apho ndinokuya khona, kunye naphina uThixo andibizayo. Andinanto yakundigcina ngoko. Ndisuka ndihambe ndiye naphina apho kukuko. Olo lulungiselelo lwam.

⁴⁴ Ndithandazeleni, okokuba iNkosi indinceda ndilugcine uKholo, kwaye ndingajongi ngasemva; ndijonge phambili apho ndiya khona. Ndingajongi apho bendikhona; ndijonge apho

ndiya khona. “Sizilibala ezo zinto zingasemva, siphuthume ngokuxunela kuphawu lobizo lwaphezulu kuKristu.”

⁴⁵ Ndifuna ukufunda okuthile okusuka eBhayibhileni kaThixo, namhlanje. Ndikhethe nje isiqendwana esincinci, kuba ndinixelele ndizakwehla ndize kuthandazela abagulayo ngale mvakwemini. Bonke abo baphethe amakhadi okuthandazelwa, kunye nabo abafuna ukuthandazelwa, bayakuthandazelwa. Siyakukwenza oko. Kwaye ndabe ndisoloko ndizama ukugcina isithembiso sam.

⁴⁶ Ngoku, umntu othile, xa nakutshoyo oko, ukuthi “Kuhle, uthembisile ukuba sendaweni ethile.”

⁴⁷ Andiyi kuyithandabuza kodwa kukho ezine okanye ezintlanu iindawo e-United States kanye apha, endifanele ndibe kuzo namhlanje, apho umntu othile athe ndiyakuba lapho. Andizange ndithi ndiyakuba phaya. Kodwa bayayitsho, niyabona, bayifake ephepheni. Kwaye bafowunela ekhaya, lonke ixesha, “Kuhle, yintoni ingxaki?” Bathi kumfazi, okanye abanye beqela lase ofisini, “Kuhle, ebefanele abe lapha. Bambhengezile yena apha. Kuhle, isibhengezo sisephepheni.” Andizange ndazi kwanto malunga naso. Andinakho ukukunceda okuya. Ndinoxanduva kuphela ngoko ndikutshiloyo, ngokwam.

⁴⁸ Ke ngoku, ngale mvakwemini, ndifuna thina sonke, kwakhona, ukuba singaba nakho, sime ukwenzela ukufundwa kweLizwi.

⁴⁹ Kwaye sizakuzama ukuphuma nganeno malunga nenye ngaphezulu iyure, iNkosi ithandile, ukuze nibe nokudlamka ukwenzela ukuya enkonzweni ngobubusuku. Kwaye isizathu sinayo le mihlangano ngeCawa emva kwemini, ukuze singavimbeli nabani emabandleni enu. Abantu abafuna ukuthandazelwa apha, abagulayo nabaxhwalekileyo, kuhle, siyakusoloko sibathandazela, ngoko ayiphazamisi inkonzo yenu.

⁵⁰ Akukhathaliseki, kukho amatyeli amaninzi kukho indoda endinga vum-... Andivumelani nayo, kwaye abavumelani nam. Kodwa ukuba ayinakuba phezu konyamezelwano, kunye naphezu kweengcinga zobudlelwana obungcono nezinto, ngoko a—andisayi kutsho kwanto malunga nayo. Ukuba ndingangavumelani kunye nendoda, nakangakanani, ukuba andinakubeka ingalo yam kuyo kwaye, ngokusuka entliziyweni yam, ndisazi ungumzalwana wam, ngoko andifanelanga ndibe ndithetha naye. Injalo lonto. Sifanele sikwenze oko.

⁵¹ Ngoku, nina abafuna ukutyhila iBhayibhile zenu, tyhilani ku-Isaya, isahluko se-6. Ndifuna ukufunda ukusukela phaya ngale mvakwemini, ukwenzela inkonzo yokuvala, ndithabathe isiqendwana.

Ngomnyaka awathi...u-Uzziah wafa ngawo ndayibona iNkosi ihleli etroneni, ende enyukileyo,

kwaye amasondo eengubo zayo ezirholayo azalise itempile.

Ngaphezu kwayo kumi iiserafi: iyileyo . . . inamaphiko amathandathu; ngamabini ifihle ubuso bayo, kunye nangamabini ifihle iinyawo zayo, kunye nangamabini iphaphazela.

Iyileyo indanduluka kuleyo, isithi, Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, uYEHova uThixo wemikhosi: buzalise ihlabathi lonke ubuqaqawuli bakhe.

Yadidizela imigubasi yomnyango lilizwi lowandandulukayo, yaye indlu izele ngumsi.

Ndathi ke mna, Athi ke mna! Ngokuba andiqqibelelanga; ngenxa yokuba ndiyindoda emilebe iyingqambi, kwaye ndihleli phakathi kwabantu abamilebe iyingqambi: kuba amehlo am abone uKumkani, uYEHova wemikhosi.

Yaze yaphaphazela yeza kum enye yeeserafi, iphethe ilahle elivuthayo esandleni sayo, elithabathe ngesithabatho esibingelelweni:

Yaze yalibeka emlonyeni wam, yathi, Yabona, eli lichukumise imilebe yakho; kwaye bususiwe ubugwenxa bakho, nesono sakho sicanyagushelwe.

Kananjalo ndeva izwi leNkosi, lisithi, Ndothuma bani na, kwaye ngubani na oyakusiyela? Ndaze ndathi, Ndikho; thuma mna.

52 Masithobise iintloko zethu.

53 Nkosi onoBabalo olukhulu, thabatha la mazwi, kwaye kwanga ukucamngca kwentliziyo yethu ngoku kungamkeleka kuWe. Wanga omkhulu uMoya oyiNgcwele ungeza emilebeni yothethayo neendlebe zomphulaphuli, ukuze ngokuhlangeneyo ibe nokuzisa uzuko kwiGama Lakho, ngeLizwi Lakho, kuba sikucelela oko uzuko lukaThixo. Amen.

Ningahlala phantsi.

54 Ndizakuqaphela ngoku, oko, ukuze sibe nelininzi ixesha lenkonzo yomthandazo. Ngoku phulaphulisisani njengoko ndizama, ngezi zimbawo iZibhalo nemibhalwana endithe ndayibhala phantsi apha, ukuba ndiyithethe. Ngamanye amaxesha, andidinwanga kwaye ndingaphelanga, andizange (apho) ndibhale phantsi iSibhalo, ndisazi ndinakho ukusikhumbula. Kodwa kamva nje ibe isoloko nje injalo ndiye ngamanye amaxesha ndilib-. . . Andinakho ukucinga ngaso. Ke ndiyasibhala nje phantsi apha, e—ncinci into ethile nje ngesithile iSibhalo, ndiyazi kuthetha ntoni oko, kwaye ndisuka ndiqhubekeke ukusukela phaya.

55 Ndifuna ukuthetha kwisihloko se: *Impembelelo*.

⁵⁶ Ngoku, niyazi, kukho umntu othile omphembelelayo. Ubomi bakho yincwadi ebhaliweyo efundwa ngabo bonke abantu. Ngoko ke, ukuba ubomi bakho abukho ngokobungqina bakho, okanye ubungqina bakho ngokobomi bakho, gxebe, ngoko ke kukho i . . . ubeka isikhubekiso endleleni yomntu othile, kuba umntu othile ukubukele. Othile umtwana omncinci ubukela umama wakhe, ubukele utata wakhe.

⁵⁷ Apha kungekudala iminyaka eyagqithayo, ndafunda inqakwana lomhleli, malunga neKrisimesi, eyayi . . . ngokuqinisekileyo kwayifudumeza intliziyo yam, yayibuhlungu. Xa u—u—umfo wayephumile, kwaye waye eyindoda elungileyo, wayenga—wayengaseli, ngenene. Kodwa wa—wayephumile, malunga neKrisimesi, kwaye etyelele amaqabane akhe asemsebenzini, kwaye onke athi kuye, athi, “John, khawufumane esincinci, nje esincinci isiselo,” kwaye ukusuka kwindlu ukuya kwindlu wa—wafumana okuninzi. Kwaye kwafanela agoduke. Kwaye ukunqumla ibala, inkwenkwe yakhe encinci yayikunye naye, kwaye wa—wayelahlekene nenkwenkwe encinci. Waze waguquka wakhangela, inkwenkwe encinci yayisiya ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye. Waza utata walinda de inkwenkwe encinci yafika kuye.

⁵⁸ Wathi, “Kutheni ugqiba ibala lonke, nyana? Yintoni ekwenza uhambe ngolwahlobo?”

⁵⁹ Yathi, “Tata, ndizama ukuhamba emanyathelweni akho.” Kwaye oko kunjalo. Yabona? Encinci . . .

⁶⁰ Indoda yayifunqula inkwenkwe encinci, yaze yahlala phantsi, yamthabathela ezingalweni zayo umfo omncinci. Yathi, “Thixo, Ndixolele. Ndifuna ukuhamba tye, ukuze unyana wam emva kwam abe nokuhamba tye.”

⁶¹ Kwaye oko koko esifuna ukukwenza, njengamaKristu. Sifuna ukuhamba njengamaKristu, siphile njengamaKristu, sithethe njengamaKristu.

⁶² Kwiminyaka emininzi eyagqithayo, xa babeqhele ukuba namakhoboka eZantsi, phaya ezantsi, eKentucky nase Alabama, kunye nasezantsi apho ndisuka khona. Babeqhele ukuthabatha abantsundu babathengise esidlangalaleni, e—endaweni yokuthengisa esidlangalaleni, njengokungathi ubuyakuba nemoto ezisetyenzisiweyo okanye into ethile. Ndiyakholwa akukho mntu kufanele abe likhoboka. “UTHixo wenza umntu, waze umntu wenza amakhoboka.” Kwaye babeqhele ukuza kuwathenga, njengokufana nokuba ubuyakuthenga imoto esetyenzisiweyo, ufumane umqulu weentengiso, nanjalo njalo. Leyo yayiyinto embi kakhulu.

⁶³ Ke bona . . . ngenye imini, kwakukho umthengi owezayo uku . . . umthengisi, uku . . . kwifama endala eyayinamakhoboka amaninzi. Waze wathi, “Mangaphi amakhoboka onawo?”

“Owu,” wathi, “malunga nekhulu namashumi amahlanu phandle phaya, ndiyaqikelela.”

Wathi, “Ndingaya ndiyekuwajonga?”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo, zincede.”

⁶⁴ Ke waphuma ukuya kujonga ema—emakhobokeni. Kwaye xana wajongayo, wabaqwalasela bona abafu, babesoloko bematshekile. Wona, amaBhulu, awazisa ngapha ukusuka e-Afrika babothula eCuba phandle phaya, baze bawathumela ngapha apha eZantsi bawathengisa ukuba babe ngamakhoboka. Kwaye ayesazi ukuba awasokuze abuyele ekhaya. Ayesazi ukuba awasokuze abone ootata noomama babo, kwakhona, okanye abantwana babo, abayeni, abafazi, nanjalo njalo. Aye—ayengamakhoba emeko ayengayenzanga ngokwawo. Kwaye nanga elapha, kude ukusuka ekhaya, kwaye ematshekile. Kwaye ngamanye amaxesha kwakufuneka bathabathe izabhokhwe babatwyatyushe bona, njengokuba besenza esilwanyaneni, inkomo, nenkabi, amahashe, kunye nezinto, kwaye ngoko bawenze wona—wona asebenze.

⁶⁵ Kwaye oku, baqwalasela, lomthengisi usemtsha waqwalasela kwakukho elinye lalawo matsha amakhoboka ekwakungadingeki balityatyushe lona. Bethu, lalinesilevu salo sinyusiwe, amagxa ngasemva, kwaye ngenene lalisemgceci lonke ixesha. Kwakungadingeki benza nantoni kulo. [UMzalwana uBranham uqhwitha umnwe—Mhl.] Laliwenza umsebenzi wenzeke. Ke umnini makhoboka wathi. . . Umthengisi wathi kulomnini, wathi, “Ndingathanda ukuthenga ela khoboka.”

Wathi, “Owu, hayi.” Wathi, “Alithengiswa.”

⁶⁶ Wathi, “Kulungile, kutheni lingathengiswa?” Wathi, “Yintoni,” wathi, “iyintoni. . . Yintoni elenza libe ngolwahlobo?” Wathi, “Ingaba ngumphathi phezu kwawo amanye?”

Wathi, “Owu, hayi. Likhoboka.”

Wathi, “Ingaba ulondla ngokwahlukileyo kunawo amanye?”

⁶⁷ Wathi, “Hayi, onke atyela ekitshini, ngokudibeneyo.” Wathi, “Likhoboka nje.”

⁶⁸ Wathi, “Kuhle, yintoni elenza lenze ngokwahlukileyo kunamanye?”

⁶⁹ Wathi, “Uyazi, ndabe ndisoloko ndimangalisiwe kokuya, nam, de ndafumanisa ukuba ngaphaya kwelakubo, e-Afrika apho bavela khona, uyise yikumkani yesizwe. Kwaye, nangoku, engumphambukeli, kude nekhaya, kodwa uyazi ungunyana weikumkani, kwaye wenza njengaye.” Owu, bethu!

⁷⁰ Yintoni afanele kukuyenza amaKristu? Singoonyana neentombi zikaKumkani. Nakubeni singabaphambukeli, masenze njengoonyana neentombi. Bafazi, yekani iinwele zenu zikhule. Yekani ukunxiba zona iimpahla enizinxibayo,

zokuziphatha kakubi nezinto. Madoda, buyelani apho indoda ifanele ukubakhona. Musani...Yenzani njengoonyana neentombi zikaThixo. Ningabaphambukeli apha, kodwa, khumbulani, singoonyana boKumkani.

⁷¹ Yabona impembelelo eyathi indoda yabanayo phezu kwabo, indlela yokuziphatha yagcina amathemba abanye ephezulu.

⁷² Sifumanisa ukuba lo kumkani, u-Uziya, wayeyinkwenkwe engumalusi ngemihla ka-Isaya, umprofeti. U-Isaya waye engumprofeti.

⁷³ Abaprofeti bayazalwa. Ababeki nje izandla zabo kubo, baze benziwe abaprofeti. Bayazalwa, bemiselwe kwangaphambili nguThixo. “Izipho nobizo zingaphandle kwenguquko.” Kukho i—isipho sokuprofeta ebandleni, kwaye sifanelwe nje sigwetywe ngabantu abathathu ngaphambi kokuba izwi libe nokuviwa phakathi kwebandla, kodwa eso nje sisipho sokuprofeta. Kodwa umprofeti ngokuqinisekileyo wamiselwa no ITSHO INKOSI, ukusukela ebuntwaneni ukunyuka.

⁷⁴ Kwaye u-Isaya waye engumprofeti weNkosi, kwaye wayethatyathelwe etempileni. Kwaye waye ene...Lo Uziya, lenkwenkwe ingumalusi osemntsha, waye eyi—eyimpembelelo enkulu phezu kwalo mprofeti usemtsha. Ngokuba u-Uziya, kwiziKronike zeSibini ama-26, ayasixelela ukuba waba ngukumkani kaSirayeli xana nje wayeneshumi elinesithandathu iminyaka ubudala. Uyise u-Amaziya wafa, waze wathabatha indawo yakhe, ukuze alawule, njengokuba yayisisithethe so—sonyana ukuba angene esikhundleni se—sekumkani. Kwaye bamthabatha bamenza ukumkani xana nje wayeneshumi elinesithandathu leminyaka ubudala. Kwaye enaye uyise, u-Uziya...U-Amaziya waye e—waye eyindoda ebalulekileyo. Waye eyi—yi—yindoda enobuthixo. Kwaye ekubeni enalo mzali unobuthixo, kuhle, kwamenza wenza into eyayilungile, ngokuba wayephenjelelwe nguyise. Yabona?

⁷⁵ Namhlanje, ungalindela njani kuphela esingazukubanabo ngaphezulu oo-Oswald nooJack Ruby. Khangela e...Ndishiye ihotele yam, kudalana, kunye nenjalo imbutyulelo yokunxila kwegquba lamaCalifornia phandle phaya, belele phandle phaya, bona abafazi bezihlubile beze phandle phaya, phandle phaya nje intwanana yegqesha ukuzibhijela, okanye into ethile engenye, phandle phaya. Kwaye indoda isela iwiski ku—kumkhenkce kunye nento, kwaye beqhubekeka, besiwela emaquleni. Ungalindela njani abantwana babo, abasebatsha phaya eyadini, bedlala, babe nayiphi into kuphela u-Oswald okanye into ethile enjeya? Yimpembelelo ebekwe phambi kwabo.

⁷⁶ Owu, iMelika ibolile ukuyakutsho esikhondweni. Izakuvuna oko ikuhlwayeleyo. UThixo olilungisa akanakuyiyeka ibhungce nayo nayiphi into engenye.

Uthi, “UngumMe- . . .”

⁷⁷ Ndi, ngokuqinisekileyo, ndingumMelika. Emathafeni, eJamani naseJapan, kukho amangcwaba amaMelika aphawulweyo konke—konke khona phaya, abantu bakuthi, ooBranham. Kwaye ukuba kwakufanele ndihambe, ndandiyakunikela ubomi bam ngayo.

⁷⁸ Kodwa mandikuxelele into ethile. Sidinga ukuzanyazanyiswa, esi sizwe siyakudinga. Izinto esakhe sanazo, siphulukene nazo, kwaye sizama ukuphila kwimbali entle yomntu othile ongomnye awayenzayo. Siyakuvuna ngayo. UThixo wenza uSirayeli, abantu emva kwentliziyo Yakhe; Wabenza bavuna. Kwaye siyakuvuna, nathi, ngoko sikwenzayo. Asinanto ingenye phambi kwethu, kuphela ukuvuna. Sigqithe umda wobabalo nenceba, kwaye akukho nto ingenye iseleyo kuphela kukuvuna. Kuphawuleni oko eziBhayibhileni zenu. Ndiyindoda endala. Kodwa kuphawuleni oko phantsi nize nifumanise okokuba akuyonyaniso na okanye hayi. Mhlawumbi xa ndimkile, kwaye ukuqhubeka nokuqhubeka, niyakufumanisa ukuba loo mazwi anyanisile. Sizakuyifumana. Silinganisiwe esikalini saza safunyanwa silula, kwaye akukho ndlela yakuphuma. Injalo lonto. Sigqibile ukugqitha la mda. Kufanele uvune oko ukuhlwayeleyo, lonke ixesha.

⁷⁹ Ke lo mfo mtsha wayeyimpembelelo engako phezu kwalo, ukumkani osemntsha wayeyimpembelelo ku—kumprofeti osemntsha. Kwaye weyama phezu kwengalo yalo mprofeti, ngokuba yena wa—wayesazi ukuba wayengumprofeti. Kwaye waye enaye lonke ixesha, kunye noku—nokutsala impembelelo kwimibono yakhe, nanjalo njalo, ukusuka kuThixo, ukwazi indlela yokuphatha ubukumkani bakhe.

⁸⁰ Kwaye yamenza wayindoda ebalulekileyo. Akazange akhathalele ezopolitiko zaloo mhla, nembono ezidumileyo, waze wakhonza uThixo ngentliziyo enyanisekileyo. Olo luhlobo lomongameli esimdingayo. Olo luhlobo lwe—lwenkokheli esiyidingayo phezu kwabantu nabesiphi isizwe, naphina. Ubukumkani bakhe babusondele kobukaSolomon. Kwakungekho nto. . . UThixo wamsikelela nje kwaye zange abandeze ntsikelelo, ngokuba wamkhonza Yena.

⁸¹ Kwaye oku yayiluncedo olukhulu kosemntsha u-Isaya, ngokuba wabona indlela uThixo abasikelela ngayo abo babenyanisekile eLizwini Lakhe. Akukhathaliseki kwakunzima kangakanani, hlala unyanisekile kwela Lizwi. Kwaye ingumzekelo namhlanje, kananjalo, kuthi, ukuhlala sinyanisekile eLizwini. Kwaye yaba nempembelelo enkulu phezu kwakhe.

⁸² Ngoku, watyala izidiliya, kwaye wayengumalusi, waye enazo zonke iintlobo zemfuyo nezidiliya. Ukuba ufuna ukufunda, kwiziKronike zeSibini ama-26 phaya, kunye

neendawo ezahlukeneyo zeSibhalo, ezithetha ngo—ngo Uziya. Waye eyindoda ebalulekileyo. Wa—wayezithanda iindawo zangaphandle, kwaye, onjalo ukulunga umfo! UThixo wasikelela yonke into awayenzayo. Yaphumelela nje yaze yaqhubeka. Kwaye kungekho sizwe simkhathazayo. Babemoyika, kwaye ngenxa yokuba wayekhonza iNkosi uThixo awayekunye naye; hayi ngokuba babesoyika umkhosi wakhe, kodwa babesoyika uThixo awayemkhonza.

⁸³ Oko bekufanele kube sesethu isikhumbuzo. “UThixo wethu siyamthemba,” itsho kwiidola zethu, kodwa ndiyamangala ngamanye amaxesha.

⁸⁴ Ngoku, kodwa konke oku kwenzeka, kwaye ibonisa apha umzekelo. Ndingathanda ukutsala koku, ngale mva kwemini, ukubonisa indlela uThixo anokusikelela indoda aze—aze ayenze indoda ebalulekileyo. Kodwa, niyazi, xa lo kumkani waba . . . waziva khuselekileyo, waziva ekwindawo yokuba—yokuba wayezinzile ngokuqinisekileyo, kwaye kwakungekho ndlela yokuba yena angaze awe, waphakama likratshi. Oko kuxa waqalisa ukuqengqeleka kwakhe. Oko kuxa nayiphi indoda iyakuqalisa ukuqengqeleka kwayo.

⁸⁵ Ndinga ukuba koko okuyingxaki kunye nabaninzi babantu bethu namhlanje, siyaphakama. Ndinga yilonto ebangela imibutho yenze oko ikwenzayo. Bafumana udidi olungcono, loko bakubiza, “abathe chatha ukubakrelekrele, udidi olungcono lwabantu,” bayacinga. Ndoda, esabo isiko- . . . bonke abalungiseleli babo kunye nezikolo eziphakamileyo nemfundo yakwanokholeji, emibini okanye emithathu iminyaka yepsychology, babanike uvavanyo lwengqondo kunye namaza obuchopho, nento yonke, ukuze babone ukuba bayilungele imeko, kwaye ngamanye amaxesha abazi ngoThixo kunomvundla usazi ngezihlangu zekhephu. Injalo lonto. Injalo. La ngqondo ayinanto yakwenza nayo. Ngamandla kaMoya oyiNgcwele. Ayikho sengqondweni yakho; isentliziyweni yakho. Injalo. Kodwa, yabona, sifika . . . Emva koko bayaphakama, “Eyethu, siya kwelungcono ibandla edolophini. Singabebandla lokuqala. Singabebandla apho usodolophu ayayo. Singabeli.”

⁸⁶ Kwaye zonke ezi zinto phaya, yabona, into eyiyo, emva koko abantu abakwazi nje ukumelana nokuva Okuya. Bacinga nje ukuba wena nje—nje ungumntu ombi. Kodwa, into eyiyo, akukho ndawo yokuba iMbewu ifake i-ankile. Akukho nto yokuba Yona ilale kuyo; nje lulwalwa. Ayisokuze ibambelele. “Iintaka zibhabhela kufuphi zize ziYichole,” itshilo iBhayibhile.

⁸⁷ Kodwa xa ukumkani waphakamayo, waze waziva ekhuselekile, waphakama kwikratshi.

⁸⁸ Ndiyaqwalasela, amaxa amaninzi, sifumana nqu nabantu, abavangeli, ifike kwindawo apho abaninzi babo baye batyholwa ngezinto, kwaye mhlawumbi ezinye zazo zinyanisile, ukusela,

nanjalo njalo. Into eyiyo, ndicinga bazakhela ubukumkanana obuncinci, baze bacinge ukuba bona abobantu babathanda kakhulu, akukho ndlela yako konke konke. . . Bona abobantu, bangenza nje nantoni abafuna ukuyenza, kwaye, “Abo bantu abayi kuyihoya.”

⁸⁹ Abantu banokuthi, kodwa malunga naphi noThixo? Kulapho sisilelayo ukubona. NguThixo Lowo owenza ukujonga. Yabona? UThixo uyayazi. Xa ubona iNyaniso noKukhanya, uze uKwale, uThixo uyakwazi okwenzileyo. Akusayi kubheka phambili de ubuyele emva kula ndawo kwakhona. Akunakuwelela ngaphaya kokuya. Kufanele ubuyele emva apho uphose ushiye khona.

⁹⁰ Waphakama kakhulu engqondweni yakhe, kwaye—kwaye waba nokuzikhusela engokwakhe nayo yonke into, kangako, okokuba azame ukuthatha indawo yomlungiseleli. Wazama ukuya ngaphakathi aze aqhumise isiqhumiso, njengoko sisazi eBhayibhileni, ukuqhumisa ngesiqhumiso, ntoleyo yayiyeyabaLevi kuphela ukuba bayenze, umbingeleli owayethanjiselwe ukwenza la msebenzi. Wazama ukuthabatha indawo yakhe.

⁹¹ Kwaye apha sinempembelelo yalo kumkani, ukwenza abantu bazi ukuba oku kulinganisana ngokwenyama, namhlanje, asikokweNkosi. Animiselwanga kwizinto ezinjalo. Awusokuze uthabathe indawo yomnye umntu, kwaye omnye umntu akanakuthabatha indawo yakho. Fumanisa apho indawo yakho ikhoyo uze uhlale phaya. Yabona?

⁹² Wacinga, “Kuhle, ngoku mna. . . Makasikelelwe uThixo, ndingukumkani, kwaye iNkosi ibe ilungile kum. Ndingakwenza *oku*. Ndinako *oku*. *Olu* lulungiselelo lwam.” Kwaye kwafumaniseka, ukuba, ekuhambeni kwakhe ngolwahlobo, kwaye wazama ukuya ngaphaya, nokugqithela ngaphaya koko uThixo wayemsikelela kuko.

Ukuba ungumntu ongenasihlalo olungileyo, yiba ngumntu ongenasihlalo olungileyo.

⁹³ Ukuba ungumfazi wasekhaya olungileyo, ukuba uThixo ukusikelele njengomfazi wasekhaya waza wakwenza othembekileyo nonyanisekileyo, dade, qhubekaka nje ube kokuya. Sukucinga, wena, uThixo ukubizele ukuba ube ngumshumayeli, okanye—okanye umdikoni, okanye into engenye ethile.

⁹⁴ Kwaye—kwaye yenza into ekwanye, ndoda. Naphina apho uThixo anisikelele khona, hlalani apho, kuba kulapho Anithumele khona. Yenzani nje oko Anixelele kona ukuba nikwenze, nize nibone apho Anisikelele khona.

⁹⁵ Kodwa, ungaze uzame ukungena, ezo—ezo ziingcambu zePentekoste. Xa uNkskz. McPherson. . . Njengoko ndandifunda incwadi yakhe, andizange. . . Ndandingengomlungiseleli ngemihla yakhe. Kwaye bathi, “Xana ebeyakuhamba aphume

aye eqongeni kunye noku, njengamaphiko, niyazi,” okanye, niyazi, uhlobo lwesambatho ngolwa hlobo, “lonke inenekazi elingumshumayeli lanxiba into enye. Bonke babo baphatha iBhayibhile ngendlela enye kaNkskz. McPherson.”

⁹⁶ Ingaba wakhe waphulaphula kwezi nkqubo zikanomathotholo? Wonke umfo, “INkosi ikusikelele, kakuhle ngenene, mfo,” uBilly Graham. Lulinganiso ngokwasenyameni.

⁹⁷ Ndandifunda i—imbali kaMartin Luther. Kwaye imbali yathi, “Yayingekho kangako ukuba ngumnqa ukuthi uMartin Luther avukelane nebandla lobuKatolika aze asinde kulonto, kodwa ukuphakamisa intloko yakhe ngaphezulu kwababaxi abalandela imvuselelo yakhe.” Injalo lonto.

⁹⁸ Zigcine ucocekile kwaye ubona cacileyo, elubizweni lwakho. Hlala kunye neLizwi likaThixo kwaye ungagungqiswa nto. Kwaye hlala, hlala kubizo lakho. Ukuba Yena ukunike umsebenzi phandle phaya, njengomfama, fama ngokulungileyo. UThixo akusikelele kuyo, kwaye uhlawule izishumi zakho nantoni ekuyiyo, iminikelo yakho, ukunceda ulungiselelo luqhubeke. Ukuba Yena ukwenza umkhandi zimoto, waza wakusikelela kula msebenzi, hlala kunye nawo uze ubulele Yena ngawo. Yabona? Hlala nje apho uThixo akubizele khona.

⁹⁹ Siyafumanisa apha impembelelo. Kwaye xa wazanywa ukulungiswa, umlungiseleli wabaleka emva kwakhe, wathi, “Yitsho! Linda umzuzu! Wawungabizelwanga oko.” Owu, waba nomsindo! Kutheni, wayelungele ukuba intloko yakhe inqunyulwe.

¹⁰⁰ Yabona, kukho enye into esifanele siyazi. Akukhathaliseki kukangakanani uThixo akusikelelelo, akunalungelo lokungxolisa umthanjiswa weNkosi, okanye utsho nantoni ngokuchasene nabo. Injalo lonto. UThixo nguLowo wokuhoya oko. Badinga nakuphi ukungxoliswa, abo ngabantwana Bakhe, bayeke. Akufanele ukwenze oko. Yabona?

¹⁰¹ Kwaye xa—xa uxelela abantu ngezono zabo, kwaye ubaxelela ukuba benza ngokungalunganga, “Phuma! Sukuzama nje ukufika eZulwini ngenkqubo yombutho okanye into ethile.” Bethu, bethuna, bayakuyenza, baya... Bafuna ukugqabhuka. Bayakuyenza. Bafuna ukufumana amakhwiniba kuwe; abasokuze—abasokuze nkqu bahlale baphulaphule kuwe; baphakama baphume, ukungabinambeko, kwaye nje benze nangayiphi indlela. Niyabona, oko kubonisa, indawo yokuqala, ukukhuliswa kakubi, isimilo sasekhaya. Ngokuqinisekileyo iyakwenza.

¹⁰² Kodwa siyafumanisa ukuba lomfo wathabatha esi simo ekwenzeni into awayenzayo. Kwenzeka ntoni kuye? INkosi yambetha ngeqhenkqa, kanye phaya esakhiweni. Kwaye yintoni iqhenkqa elizekilisa yona? Isono, ukungakholwa. Akukho sono

simbi kuphela ukungakholwa. “Lowo ungakholwayo usele egwetyiwe.” Kwaye isono kuphela kokungakholwa okukhoyo.

¹⁰³ Ndandishumayela ngelinye ixesha kwibandla iWisile, ndaza ndathi, “Ukutshaya umdiza ayisosono. Ukukrexeza ayisosono. Ukuthabatha iGama leNkosi ayisosono.”

¹⁰⁴ Kubaxekile komnye udade; waphakama, wathi, “Ndiyathandaza ndixelele, Mfundisi uBranham, yintoni isono?”

Ndathi, “Ukungakholwa.”

¹⁰⁵ Uzenza ezo zinto ngokuba akukholwa. Injalo ngqo. Isizathu usala ukuhamba eKukhanyeni kweLizwi kungokuba akulikholelwa iLizwi. Oko kukwenza ongakholwayo.

¹⁰⁶ Umfo wathi kum, wathi, “Andiyikukhathala zingaphi iingxaki onokuzibonisa, nokuba zingaphi iingxaki ugqirha anokundibonisa zona, zeempiliso ezahlukeneyo,” wathi, “Andikholwa ekuphilisweni. Ayinjalo.”

¹⁰⁷ Ndathi, “Ngokuqinisekileyo, yayingathunyelwanga kwabangakholwayo. Yayithunyelwe kuphela kwabo bakholwayo.”

¹⁰⁸ Yeyamakhola kuphela. Wathi, “Lowo ukholwayo, zonke izinto zinakho ukwenzeka,” hayi lowo ungakholwayo.

¹⁰⁹ Kwaye nantwana yokungakholwa ngokuchasene neLizwi likaThixo, kwaye uyakuhlala ngaphandle kobuKumakani baseZulwini. Yamkhuphela ngaphandle u-Eva. Yabangela yonke le ngxaki, nje ukugqwetha iLizwi kube kanye nje intwanana encinci. Kufanele uhlale tye kunye naLo, oko Likutshoyo.

¹¹⁰ Ngoku siyafumanisa, le ndoda yaba nekratshi kwaye yaphakama, baze ubuso bayo babomvu, yaza yaguquka yabaxelela ababingeleli, kwaye, into yokuqala oyaziyo, yaphuma iqhenkqa. Kanye phaya emsindweni wayo, yabethwa. Ayizange yahlukana nalo. Intoni? Ukungakholwa iLizwi likaThixo ekwakuzanywa ukulichaza kuyo.

¹¹¹ Kukho umzekelo ongowenene kokuya. Qwalasela. Yena waye... Zange akholelwe, kwaye, emsindweni wakhe, wabethwa ngeqhenkqa; waza wafa, phandle emzini wakhe, zange avunyelwe ebukumkanini kwakhona, indawo kakumkani. Unyana wakhe kwafanela athathe indawo yakhe aze—aze ancede ngokungcono anakho, kwaye washiywa ngolohlobo wade wafa. Ngoku, niyabona, zange aphile.

¹¹² UYesu wathi, “Ilizwi elinye ngokuchasene naYo ayisokuze ixolelwe,” iLizwi, “kwelihlabathi nakwihlabathi elizayo.” Ayixoleleki. Ke niyabona kutheni ihlabathi lilungele ukugwetywa? Abavangeli abakhulu nezinto ezigqibe ihlabathi lonke ngeVangeli, zihlekiwe, zenziwa intlekisa, yonke into engenye. Akukho nto iseleyo. Akukho ndlela yalo yokubuyela. Banyelise uMoya oyiNgewele, baze bahlekisa ngaYe, nayo yonke enye into engenye. Kwaye bona ba... Kwaye, bona, akukho

ndlela lona linokuze libuyele emva. Ifanele ihlawulelwe. Akukho ndlela yokuphuma kuyo. UThixo lilungisa; iyakuba yechaseneyo nobulungisa Bakhe, iyakuchasana noBakhe—Bakhe—Bakhe uBuqu, oko Akuko. Kwaye ngoku ifanele ihlawulelwe.

¹¹³ Ke lo kumkani, akukhathaliseki nokuba uThixo wayemthanda kangakanani, enjani ukubaluleka indoda awayeyiyo, zingaphi izidanga awayenazo, nangoko yenze okungalunganga kwaye ifanele ivune oko ikuhlwayeleyo. Kwaye yonke indoda iyakufanele yenze oko.

¹¹⁴ Ngoko yayisisifundo kumprofeti omncinci. Ngoko yayisisifundo senene! Ngako oku, u-Isaya wafunda ukuba uThixo uyawayalela amadoda Akhe abe sendaweni yawo, Ngokwakhe. Hayi oko othile ongomnye akuyalelayo. UThixo uyalelela amadoda Akhe emsebenzini, ngoku, umyalelela endaweni yakhe. Akafanele azame ukuthabatha indawo yomnye.

¹¹⁵ Umbono, into yayinkulu kakhulu yade yamqhubela etempileni lo mprofeti, ukuya kuthandaza.

¹¹⁶ Ndiyamangala, namhlanje, ukuba siyakukubona na ukufa kwamabandla, ukubona u—ukufa kwabantu, ukusuka kuMoya, bebuyela emva kwaye bekhonza iimvumo nkolo zabo, ukuba ayifanele iqhubele amakholwa emadolweni awo.

¹¹⁷ Yenza ikholwa lenene, elimiselweyo ikholwa, u-Isaya umprofeti, aye emadolweni akhe. Waya etempileni, kwaye phaya waqalisa ukuthandaza.

¹¹⁸ Kwaye, etempileni, wabona uThixo etroneni Yakhe, ephakanyiselwe phaya phezulu. UThixo wayezakumbonisa into amakajonge kuyo. Hayi ukujonga komnye; ajonge phezulu phaya koko Akuko, oko, Waphakanyiselwa phezulu etroneni Yakhe.

¹¹⁹ Qwalasela iiSerafi zaseZulwini kunye nokuzifihla ubuso Bazo. Ngoku, iiSerafi ngabatshisi bedini, ntoleyo iyenye yolona luphakamileyo uluhlu lweeNgelosi. Zisondele kwiKherubhi. Phaya yayiziNgelosi, kuze emva koko iiSerafi, kuze emva koko iKherubhi. Kwaye iSerafi eneneni ngabatshisi bedini, besenzela indlela yokuza kwaboni, olwenene oluphakamileyo uluhlu lobungcwele eTempileni kaThixo.

¹²⁰ Kwaye wabona, xa wayesezantsi emgangathweni esibingelelweni, ethandaza, “Nkosi, ndiyindoda emilebe iyingqambi, kwaye ndihleli phakathi kwabantu abayingqambi.” Kwaye wayesenza uvumo lwezono zakhe.

¹²¹ Xana wakwenza oko, wakhangelwa phezulu waze wabona eziSerafi. Zazinamaphiko amabini zigqume ubuso Bazo, kwanamaphiko amabini zigqume iinyawo Zazo, kwaye zaziphaphazela ngamaphiko amabini, zidanduluka, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele Nkosi Thixo uSomandla! Uyingcwele, uyingcwele, uyingcele, konke okunguThixo

kuyingcwele! Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele Nkosi Thixo uSomandla!”

¹²² Masijongeni lo mbono awawubonayo umprofeti, size siwucazulule. Amaphiko amabini zifihle ubuso Bazo. Cinga ngayo, nkqu iiNgelosi ezingcwele kwafanela zifihle ubuso Bazo obungenasono, ukuze zime eBukhoneni bukaThixo oyingcwele. Zanikwa amaphiko ukufihla ubuso Bazo, eBukhoneni boThixo oyingcwele! Wena nam sizakuma kanjani Phaya, ukuba iiSerafi kwafanela zisebenzise amaphiko, indlela ebonelelwe nguThixo yokufihla ubuso Bazo, ukuma eBukhoneni Bakhe, ukucula, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele Nkosi Thixo uSomandla?” Ukuhlonela eBukhoneni Bakhe!

¹²³ Ngoku asinako nakuphi ukuhlonela kuThixo. Wonke ubani ucinga nje ukhuselekile, de ba—ba nga—bangamhloneli uThixo njengendlela abafaneleyo. Kutheni? Kutheni bekwenza oku? Ngokuba abakho sezingqondweni zoBukhona Bakhe. Naso isizathu abantu bekwenza okuya. Bona, bona abaBuqapheli. Abanakho, abanakho ukuqiqa ukuba baseBukhoneni bukaThixo. Ingqondo zabo zigqwetheke kakhulu zaze zathabathekele kakhulu kwizinto zehlabathi, de bangaBuhoyi. Bayaya ecaweni, ngokuqinisekileyo. Kodwa ukuqonda ukuba useBukhoneni bukaThixo! Hayi kuphela ecaweni; naphina apho ukhoyo, useBukhoneni bukaThixo.

¹²⁴ Ukuba banga njengoko uDavide watshoyo, “Ndisoloko ndibeka iNkosi phambi kobuso bam, ngoko ke andisayi kushukunyiswa.” Oko nje iNkosi yayiphambi kwakhe, wayengenakushukunyiswa.

¹²⁵ Kwaye aba baseZulwini abatshisi madini benamaphiko egqume ubuso Babo, kwaye bendanduluka, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele,” ukuma eBukhoneni bukaThixo, yintoni eyakwenzeka kubantu abangaboni abangasayi kumhlonela uThixo?

¹²⁶ Uthi, “Kuhle, Mzalwana uBranham, usandula nje ukuthi Babenikwe amaphiko amabini.”

¹²⁷ Kwaye unikwe into ethile, nawe, iGazi likaYesu Kristu. Eso sisigqubuthelo sakhokuba, akumi njengeSerafi, akumi njengeKherubhi, akumi njengeNgelosi. Kodwa, uma njengohlangulweyo unyana okanye intombi kaThixo, ngeli Gazi. Akunyanzelekanga ukuba nawo la maphiko ezazinawo Zona. Alugqubuthelo olukhethekileyo lwaZo koba Bukhona. Kodwa uneGazi likaYesu Kristu ukwenzela isigqubuthelo, ukuze ume Phaya. Ngoku njani... Ngoku, wena, ukuba unalo ela Gazi, ngoko uhlonipha uThixo, uyamthanda uThixo, uyamhlonipha uThixo; kwaye uThixo liLizwi.

¹²⁸ Ngoku qwalasela, okwesibini, ngamaphika amabini Zagquma iinyawo zaZo. Kwakuthetha ntoni okuya? Intobeko phambi koThixo, eBukhoneni Bakhe.

129 NjengoMoses etyholweni elivuthayo, wakhulula izihlangu zakhe, xa waMvayo esithi, “NDINGUYE ENDINGUYE.”

UPawulos, kwindlela yakhe ezantsi eya eDamasko, wa—wawa ngobuso.

130 UYohane, xa wabona u—uMoya kaThixo phezu koYesu, wathi, “Ndinesidingo sokuba ndibhaptizwe nguWe, kwaye kutheni usiza kum na Wena?”

131 Nanku umzekelo omhle. Soloko usezingqondweni malunga nobuncinci bakho, hayi ubukhulu bakho.

132 Namhlanje, thina—thina maMerika, okungako, esizama ukucinga ukuba singumntu othile omkhulu, “Singabento ethile enkulu, othile umbutho omkhulu, into ethile enkulu kakhulu eno...” Owu, enkulu kakhulu, enkulu, enkulu kuko konke esikubonayo.

133 Kwaye xa...Ngelinye ixesha, eBhayibhileni, sinomzekelo wokuya. Kwakukho u—umprofeti wabuyela emqolombeni kwaye...u-Eliya. Kwaye uThixo wayezama ukutsala umdla wakhe, ukuba aphume. Kwaye nako kusiza umlilo, nomsi, no—nomoya obhudlayo ukunqamleza iintaba, nendudumo, nonyikimo lomhlaba, nokushukunyiswa, nayo yonke into engenye. Umprofeti zange ashukume kwa ukushukuma. UThixo wayengekho kwa ukubakho kuyo. Kodwa xa eliyalizolileyo, lincinci iZwi lathethayo, wagqubuthela ubuso bakhe waza phambili. Xa elizolileyo, elincinci iZwi likaThixo leLizwi lithetha, hayi ingxolo, hayi amahlelo ethu amakhulu, hayi okwethu okuthile okukhulu, kodwa eliya lizolileyo, lincinci iZwi, leLizwi, eliya lingaqatshelwanga. Okuya kufanele kubizele indoda enguqukweni. UThixo eLizwini Lakhe!

134 Nangoko, Yafihla iinyawo Zayo; yaze yabasezingqondweni zokuba Yona...okwethu ukuba mncinci phambi koThixo.

135 Okwesithathu, Yayinakho ukubhabha ngamanye amabini.

136 Ngoku khumbulani, amabini, Yafihla ubuso Bayo, eBukhoneni bukaThixo, kunye nokuhlonela. Okwesibini, amaphiko amabini ukugquma iinyawo Zayo kuthetha ukuthobeka, phambi koThixo. Kwaye awesithathu amabini amaphiko, ngoku, Yazibeka ekwenzeni. Yayinakho ukuphaphazela ngawo omabini amaphiko, yabona. Amabini ukugquma ubuso Bayo, amabini ukugquma iinyawo Zayo, nokuphaphazela ngamabini, ngoku yayiyintoni? Ukuhlonela, ukuthobeka, kunye nokuba sekwenzeni.

137 UThixo wabonisa umprofeti indlela isicaka Sakhe esilungisiweyo sifanele sibe kuko; ahlonela, athobeka, kwaye abe sekwenzeni. Ngoku wabona into ethile eyahlukileyo kuneyaveliswa ngu Uziya. Wayebonisa umprofeti into afanele abe yiyo, hayi nje ngo Uziya, kodwa abe nje ngezi zeZulu iiKherubhi. Kwaye ukuba ufuna ukujonga kukumkani,

ukumkani wasemhlabeni...Jonga kuLowo waseZulwini, ephakanyiselwe ngaphezu kwawo onke amaZulu, namasondo eengubo Zakhe ezirholayo ezalise amaZulu.

¹³⁸ Phaya sibona ukuba Wayemnika into ethile yokuba ajonge kuyo, ukumphembelela ngokwahlukileyo ukusuka koko ebejonge kuko, ecinga “Indoda ekhonze uThixo yaze yaphumelela, kwaye yonke into, yayilungile.” Kodwa u-Isaya wabeka ingqiqo yakhe—yakhe endodeni.

¹³⁹ Kwaye indoda ngumsileli, into yokuqala. Andikhathali ingubani. “Izalelwe esonweni, yabunjelwa ebugwenxeni, yeza ehlabathini ithetha ubuxoki,” ke ngumsileli ngokupheleleyo. Andikhathali nokuba ngubhishopu, upope, umphathi befundisi, okanye nantoni na ngaphezulu enokuba yiyo. Ngumsileli, into yokuqala, kwaye ungaze ujonge kuyo. Andikhathali, “Nokuba isusa iintaba ngokholo, nokuba inika amahlwempu yonke impahla yayo ukuwondla.” Nangoko, jonga kuYesu Kristu. Yena nguLowo. Jonga kuYe, hayi kwindoda ethile.

¹⁴⁰ Fumanisa ngoku ukuba Wayebonisa apha oko isicaka sikaThixo kufanele sibe kuko, indlela esifanele sithobeke kwaye sihlonele ngayo kwaye sibe sekwenzeni.

¹⁴¹ Yiba sekwenzeni! Abaninzi bethu bangathobeka, abaninzi bethu bangahlonela, kodwa kunzima ukubenza babe sekwenzeni.

¹⁴² Kodwa ngoku qwalasela ukuba uThixo wayebonisa indlela Awayelungisa ngayo isicaka Sakhe, oko sifanele sibe kuko. Ezo Kherubhi yayizizo, okanye—okanye, iiSerafi, yayizizicaka zikaThixo.

¹⁴³ Qwalasela, njengomfazi equleni, xa wayekhangela iSibhalo ukuba sizalisekiswe. Oko sithethe ngako, amabini okanye amathathu amatyeli ngale veki. Xa, wayekhangela okuya ukuba kuzalisekiseke. I—intombi, kangangokuba sisazi, zange iye ecaweni. Mhlawumbi yayi... Babekude kakhulu eLizwini, nezinto ezinjeya, zona... nokubiza iimvumo nkolo zabo kunye nezinto. Njengoko wathi uYesu, “Nithabathe izithethe zenu, naze nenza i—i Lizwi likaThixo lingasebenzi.”

¹⁴⁴ Imalunga nento ekwanye namhlanje. Iimvumo nkolo esizifundiswayo, kunye nezinto, zikhuphe iLizwi likaThixo ekubeni lisebenze. ILizwi alikwazi kuvela. Kwaye izinto ezithethiweyo, ngokunyanisekileyo; babhalwe kakhulu ngenye into ethile, abakwazi ukuLibona.

¹⁴⁵ Khumbula, elaa Zwi aliyikuhlupha wena wedwa apha. Le teyiphu iya kulo lonke ihlabathi. Andithethi ngqo kuni nonke apha. Kodwa ukuba kukho umntu othile apha oyifunayo, kuhle, okuya, iyeyakho ngoko. Yabona? Kodwa, khumbulani ukuba ela Zwi liyakukuhlupha oko nje usaphila. Kumhla wokufa kwakho, Liyakukuhlupha. Lithobe! Buy!

146 Izithethe zethu zithabathe iLizwi likaThixo zaze zalenza laba Yinto engento. ILizwi likaThixo libonakalisiwe, kwaye nabantu bemile baze bathi, “Kuhle, ndiyaqikelela okuya kuhle kakhulu.” Yabona? Bethu, owu, bethu! Ifanele ibeke umphefumlo wakho emlilweni. Ifanele yenze into ethile, kodwa ayikwenzi. Ayikwenzi. Sifumanisa uThixo . . .

147 Xa loo mfazi . . . Bona abobabingeleli nezinto, mhlawumbi zange aye ecaweni kuba zange abone sizathu sakuya, kwinto enjengaleya. Kodwa wayezifundile iZibhalo. Kuba qaphela, wayazi, ngokukhawuleza, xa Yena wamxelela ingxaki yakhe yayiyintoni, kutheni, wathi, “Kutheni, siyazi ukuba Wena ufanele ube ngumprofeti. Asikhange sibenaye amakhulu eminyaka. Kodwa Wena ufanele ube ngumprofeti, siyayazi.” Ngoku, yabona, uluvo lwam, wacinga . . .

148 Ukuba uyakuthatha okubhalwe emdeni phaya, uze uyifunde eSibhalweni sakho, ibuyela emva ku “umProfeti,” yena lowo yayinguKristu.

149 Yathi, “Siyayazi thina . . . Wena ufanele ube ngumprofeti. Siyayazi ukuba uMesiya, xa Efika, lena yinto Ayakuyenza. Uyakwaziwa ngako oku.”

Waze wathi uYesu, “NdinguYe lona uthethayo nawe.”

150 Waba sekwenzeni. Zange abe nakuma ngakumbi. Eyona nto ababekhangela yona, yayisemhlabeni kanye ngoko, kwaye yena wayeyibonile Yona. Akukhathaliseki kukangakanani wayekwisimo esibi, umthengisi ngomzimba, okanye umfazi ololwahlobo, akakhange . . . Indoda esitratweni ibingasokuze iphulaphule kwa ukuphulaphula kuye. Abayi kuyenza namhlanje. Kodwa mmise yena, ubungayenza njani lonto? Yayinjengendlu isitsha, umoya ophezulu. Ubungenakuwucima. Umlilo wavutha entliziyweni yakhe.

151 Wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele izinto endizenzileyo. Ingabe akungebi ngoyena Mesiya?” Kwaye yamila, kananjalo. Xa, uYesu zange kufuneke enze okuya kwakhona. Abantu bamkholelwa umfazi ngenxayokuba . . . bamkholelwa uYesu ngenxa yobungqina bakhe umfazi. Yabona? Yenza ntoni? Wayethobekile, ehlonene, kwaye esekwenzeni. Waba sekwenzeni xa wabona into isenzeka.

152 Imiqondiso yakhe ifanele iphembelele, namhlanje. Imiqondiso eyathenjiswa yanamhlanje, iLizwi elathenjiswa elibekelwe lomhla, ukubona uThixo ezalisekisa oko Wathi Uyakukwenza, ifanele yenze into ethile kuthi. Kodwa ayiyenzi.

153 Njengoko yenzayo kumaYuda. Ayengawenkolo kangako okokuba wona—wona khange acinge ayeLidingi. Wona, wona acinga ayenento yonke.

154 Kwaye leyo yindlela nehlabathi namhlanje. Linokuninzi kokutya, okuninzi kokunxiba, amabandla amahle, iindawo

ezinkulu, abalungileyo abalungiseleli abafundileyo, kwaye ke abandingi nanto eyenye. “Kodwa akwazi,” iSibhalo satsho, “uze, ulusizi, uyimfama, kwaye akuyazi lonto.” “Akuyazi lonto,” kwaye akunakubaxelela mahluko. Bayakuqhubeka bahambe kanye behle ngala mgca, baze basilele ukuvumela iLizwi likaThixo libaphembelele ukuze bakholelwe uYesu Kristu uvukile ekufeni, kwaye uyaphila namhlanje, okwamnye izolo, namhlanje, naphakade, Ezibonakalisa ephila. Bafile nje ngokulula. Yonke indawo, yonke indawo oya kuyo, ikhangeleka iyinto ekwanye. Ifanele ibe yila ndlela, kakade, uyazi. Ufanele Yena akhutshelwe ngaphandle kwebandla. Akukho ndlela konke konke yayo yokuyinqanda ingabi yile ndlela. UThixo uthe iyakuba ngale ndlela. Kodwa ukuba—ukuba . . .

¹⁵⁵ Mayikudlikidle, mayikudlikidle kakuhle. Akukhathaliseki sesiphi isizwe okuso, naphina apho ukhoyo, nokuba ungubani, mayikuvuse.

¹⁵⁶ Iiyure ziyafika zigqithe. Into yokuqala oyaziyo, uyakube usithi, “Kuhle, be—bendicinga bekufanele kube koku kwenzeke phambi koXhwilo.”

¹⁵⁷ Kusenokubakho iZwi libuya njengoko yenzekayo ngelinye ixesha, “Sele yenzekile kwaye akuyazanga.”

¹⁵⁸ Nonke niyaku-ankilwa ebandleni ndaweni ithile, nisithi, “Ndikhuselekile nje njengokuba ndingabanakho,” kwaye, into yokuqala oyaziyo, uXhwilo luyakuba lumkile. Luzakuba yimfihlo, uhambo lwesiquphe, akukho mntu owazi nto malunga nalo. Ihlabathi liyakuqhubeka liqhubeka.

¹⁵⁹ NjengoNowa wayakungena emkhombeni. Niyakhumbula, emva kokuba uNowa waya kungena emkhombeni, wahlala phaya iintsuku ezisixhenxe emva kokuba uThixo evale ucango. UThixo wavala ucango, kwaye uNowa wahlala emkhombeni iintsuku ezisixhenxe phambi kokuba nantoni yenzeke.

¹⁶⁰ Kwaye ucango lwenceba luyakuvalwa ebusweni bakho, kwaye kusenokwenzeka sekwenzekile. Kwaye cinga nje ngayo, abantu bayakuqhubeka beshumayela, abantu bacinga ukuba bayasindiswa, bebeka amagama abo ezincwadini, bejoyina icawa, bekhwaza, bekhuma xhuma.

¹⁶¹ Kutheni, ndiwabonile amaMohamedi ekhwaza. Ndivile . . . abantu besela igazi likukhakhayi lomntu, baze bathethe ngeelwimi, baze benze zonke ezo zinto. Lowo awungomqondiso wokuba usindisiwe. Owu, hayi.

¹⁶² “Benokumila kokuhlonela uthixo.” Yintoni “aMandla ako” abathetha ngawo?

¹⁶³ Yabona, ezo zinto zinakho ukwenzeka, kwaye iyakuba ligqithile ixesha kwaye wena akuyi kuyazi. Akunakho ukuba uthabathe olwahlobo lethuba. Sanukuyenza, zihlobo. Ngenani ngelixa nisenakho. Sanukuphenjelelwa sesithile esikhulu

isakhiwo, othile omkhulu umbutho, omkhulu ochubeke kakhulu ofundileyo. Vumela iLizwi likaThixo likuphembelele. Nako kanye okwabangela abo bapostile. Xa babona ela Lizwi libonakalisiwe, oko kwabaphembelela, “Siqinisekile!”

¹⁶⁴ Ingema ukucatshulwa kwakhona. uYesu, kunye nezihlewe ezikhulu zamawaka zimlandela Yena, Wathi, “Baninzi kakhulu. Khangela, khangela, into ethile engaqhelekanga apha, bambalwa ababiziwe. . .Ehe, baninzi ababiziweyo, bambalwa abanyuliweyo.”

¹⁶⁵ Ke ngoko Wabona amabandla amakhulu, Wathi, “Ngaphandle kokuba nitye inyama yoNyana womntu, nisele iGazi Lakhe, aninaBomi kuni.” Akazange ayicacise.

¹⁶⁶ Ndiyamangala ukuba Uyakutsho oko eBeaumont, namhlanje, akukhathaliseki Wayedume kangakanani, nicinga ntoni bogqirha, nabalungileyo abantu benkcubeko, nabenzululwazi, babeyakuthi? “La Ndoda lizim. Kuhle, Ifuna nisele iGazi Layo? Kuhle, hlobo luni lwe. . .Niyaxaxha ekwaphukaneni.”

¹⁶⁷ UYesu zange ayicacise. Wayefuna ukudlikidla zona izincukuthi zisuke kuYe. Injalo lonto. Ngoko bonke baphakama bemka.

¹⁶⁸ Emva koko Wabhekabheka kwabo bapostile ababengamiselwanga eBomini, kodwa Wayebakhethile. Babengamiselwanga. Wathi, “Niyakuthini xa nibona uNyana womntu enyukela eZulwini apho Asuka khona?” Owu, oko kwakukrwitsha. Yintoni Yena. . .

¹⁶⁹ Abo—abobalungiseleli bathi, “Anyukele eZulwini? Kuhle, leNdoda yazalwelwa kanye apha eGalili. Yazalelwa eNazarete. Siyamazi unina, abantakwaYo—Yo. Siyawazi umandlalo eyayithuthuzelwa kuwo. Sazibona iimpahla Zayo zobusana. Sithetha nomama waYo. Kwaye emva koko ithi le Ndoda ivela, inyukela apho Isuka khona? Isuka eNazarete. Itsholo ntoni Yona, ‘eZulwini?’”

¹⁷⁰ Akazange ayicacise. Ezininzi izincukuthi okwangoko. “Baphakama, baze ababi sahamba naYe kwakhona.” Yilonto iBhayibhile eyitshoyo.

¹⁷¹ Ngoko waguquka waze wathi, “Mna. . .Nonke nifuna ukuhamba, nani?” kwishumi elinambini.

¹⁷² Khumbulani, babengenakho ukuyicacisa, kodwa babeyazi. Babeyazi wayenguYe, ke bathi kuYe. . .Wayebaphembelele ngemiqondiso Yakhe engqinelweyo isuka kuThixo. Qaphela.

Wathi, “Ingaba nifuna ukumka, nani?” kwishumi elinambini.

¹⁷³ Wathi uPetros, “Nkosi, singaya kubani na? Ngokuba siqinisekile. . .” Ngoku, oko, khangela, fundisisa oko. Yintoni? “Siyakwazi oko iLizwi likutshoyo ngale mini. Siyakwazi oko

uMesiya afanele akwenze ukuba Uyafika namhlanje. Sizibonile ezi zinto zifezekiswa nguThixo.”

¹⁷⁴ Wathi kamva, ePentekoste. Wathi, “UYesu waseNazarete, iNdoda evunyiweyo nguThixo phakathi kwenu, ngezinto Efanele izenze. Kwaye nithabathe iNkosana yoBomi naza nayibethelela emnqamlezweni Yona, kwaye—kwaye uThixo waMvusa, ntoleyo ningamangqina ayo.”

Qwalasela apha, yabona, wathi, “Singayaphi?”

¹⁷⁵ Wathi uYesu, “Ndanyule ishumi elinambini lenu, kwaye omnye wenu ngumtyholi.”

¹⁷⁶ Kwaye kukho kuphela ishumi elinanye limile phaya, okuphuma kumawaka aphindwe ngamawaka. Ishumi elinanye limi phaya. Owu, bethu! Ukuphenjelelwa! Ngokuqinisekileyo.

¹⁷⁷ Lo mfazi mncinci, xa wayephenjelelwe, waba sekwenzeni. Kwafuneka enze into malunga nako. Kwafuneka axelele umntu othile ongomnye.

¹⁷⁸ Kwaye wonke umphefumlo wenene othe wabetha uKristu, kufuneka uchazele umntu othile malunga naYo.

¹⁷⁹ UPetros, xa waMthabathayo eLizwini Lakhe, ngoba busuku elwandle, waMbona phandle phaya, waye...okanye ngala mhla, yayinguwo. Babeloba bonke ubusuku, kwaye babengabambisanga nto, baloba ngasemva naphambili. Elo lixesha elityhafisayo, ukuba nabani ngumlobi. Ukuloba ubusuku bonke, kwaye wayengumlobi, naye. Uyise wayengumlobi. Waba kwela chibi ubomi bakhe bonke, kwaye abazali bakhe nabazali babazali bakhe basuka kwelachibi. Kwaye wayesazi xa inyanga yayilungile, kwaye yeyiphi indlela umoya wawubhudlela kuyo, kunye nazo zonke impawu. Kwaye wayephila ngokuloba. Ke wayelobe ubusuku bonke, kwaye wayengabambisanga nto.

¹⁸⁰ Kwaye bafumanisa, kwimini elandelayo, ukuba—ukuba bathi lomProfeti wayezakuthetha, ezantsi enxwemeni. Kwaye ndiyacinga, kumanqungulwa abo amancinci kwaphuma abafazi abancinci, kunye nanjalo njalo, besehla ukuya kuva Yena. Izihlewele zaba zikhulu, ngaselunxwemeni, kwafuneka Yena aboleke lo mkhombe, kwaye umkhombe kaPetros. Ukuphuma baye kuhlamba iminatha yabo, kwaye kungekho nokuba ibenye intlanzi, kwaye bayiphosa phezulu phaya; babetyafile.

¹⁸¹ Kwaye ngamanye amaxesha kulamaxesha okutyhafa, ukuba uyakuqaphela, kulelolixa Yena afikayo. Kodwa sukumfameka ngokwaneleyo ukuba uyiphose. Yabona? Xa ubona yonke into isenzeka ngendlela eyiyo ehlabathini namhlanje, sukoyika. Yabona? Sukoyika. Khumbula nje—nje, Yena uthembisile ukuza kuwe.

¹⁸² Kwaye ngoku qwalasela xa Efika, Waxelela uPetros, wathi, “Ngoku yiya enzulwini uze wehlise ukwenzela ukuloba.”

183 Wathi uPetros, “Mhlawumbi. Andizange ndikubone oku kusenziwa ngaphambili. A—andazi. Ndilobile, bonke ubomi bam, apha. I—impawu, sisandula kugqiba ukuloba, bonke ubusuku, kuwo laa manzi manye. Kwaye, noko, kodwa akukho nto. Asibambisanga kwanto. Kodwa ngokweLizwi Lakho, Nkosi,” nantso ke, “Ndayakuwehlisa umnatha. ILizwi Lakho!”

184 Usenokwenzeka ukuba uye kuso sonke isibhedlela. Mzalwana uKing, basenokuthi uzakufa. Basenokuthi, dade, oku, okuya, okanye okunye. Andikhathali batheni. “NgokweLizwi Lakho, Nkosi, ndiyakuwehlisa umnatha!”

185 Xa ebona ela Lizwi lingqinelwe, xa uYesu wamxelela into ethile, wayikholelwa, kwaye wehlisela la mnatha emanzini apho kwakungekho zintlanzi. Kodwa, ukuba uThixo utshilo njalo, Wayenakho ukufaka iintlanzi phaya, ngahlobo lunye njengoko Afake amanzi ezibhakabhakeni.

186 Angafaka impiliso emzimbeni wakho, andikhathali ukuba akukho nto phaya. Mthembe Yena ukuba uyakuwuvusa ngemihla yokugqibela. “NgokweLizwi Lakho, Nkosi, ndiyakuwehlisa umnatha.”

187 Yamphembelela kakhulu la mlobi, de washiya iintlanzi nako konke, walandela uYesu. Yayiyimpembelelo, xa waMthabatha eLizwini Lakhe. Emva koko yintoni Awayenzayo?

“Kuhle,” wathi, “enkosi kuWe, Nkosi, ngentle intlaninge yeentlanzi.”

Wathi, “Shiya umnatha. Ukusukela ngoku uyakubambisa abantu.” Umpostile waya ekwenzeni!

188 Ekugqibeleni, ekupheleni kwendlela, xa babeyakumbethelela, ukumbulala, waze wabaleka wemka esixekweni. Kwaye endleleni ephumayo, njengoko imbali isixelela, wayebalekela ubomi bakhe, ephuma esixekweni, waze wahlangana noYesu ebuya. Wathi, “Uyaphi na, Simon?” Okanye, uSimon wathi kuYe, “Uyaphi na Wena, Nkosi?”

189 Wathi, “Ndibuyela esixekweni ukuya kubethelelwa kwakhona.”

190 USimon wajika waze wabuyela emva. Kwaye xa bathi bamfumana, wathi, “Musani...” Bambeka emnqamlezweni. Wathi, “Sanukundixhoma ngolwahlobo. Bekani intloko yam ezantsi, nenyawo zam phezulu!”

191 Wayephenjelelwe xa wabona uYesu evukile kwabafileyo; ephenjelelwe ukwezela okwakhe ukufa, wayephenjelelwe ukwenzela nantonina. Waya ekwenzeni. Ukufa akuzange kubenakho nokumnqanda. Ukubethelelwa emnqamlezweni akuzange kubenakho ukuyinqanda. Wayephenjelelwe nguYesu.

192 Indoda eyimfama yaphiliswa. Bayixelela ithule, kodwa yasasaza udumo Lwakhe ndaweni yonke. Abantu bayo bathi, “Ngoku...” Ababingeleli bathi, “Ngoku ukuba nabani uyaya

aze abe kula mvuselelo, bayakuza nje bathathe amaphepha abo ecawa, yilonto.” Kwaye uyise nonina babekoyika oko. Yabona? Ke bathi. . .

Beza, bathi, “Itheni lenkwenkwe ukuze ibone?”

Bathi, “M—mdala; buzani kuye.” Babesoyika.

Kodwa lowo wayephilisiwe wayephenjelelwe. Amen.

¹⁹³ Wathi, “LeNdoda ingumoni. Dumisa uThixo! Asiyazi apho le Ndoda ivela khona. Ayinazi—Ayinaziqinisekiso. Asisebenzisani naYo. Asinanto yakwenza naYo. Asiyazi apho ivela khona Yona. Siyayazi ukuba Yona ingumoni kwaye—kwaye isuka kumtyholi.”

¹⁹⁴ Le ndoda yayinempendulo elungileyo yabo. Yathi, “Ngoku lena yinto engaqhelekanga ngenene.” Yathi, “Ngoku, nifanele nibe ziinkokheli zelizwe. Kwaye la Ndoda indenze ndabona, kwaye noko anazi apho Yona ivela khona.” Yathi, “Ngoku, nokuba Yona ngumoni, okanye hayi, andinakunixelela lonto. Kodwa lento inye ndiyayazi, ekubeni ndandiyimfama, ngoku ndiyabona.”

¹⁹⁵ Yayiphenjelelwe. Yayingakhathali ukuma phambi kwababingeleli okanye nantoni na. Yayiphenjelelwe. Abazali bayo, kwa nommangaliso kunyana wabo awuzange ubaphembelele, kodwa yamphembelela yena.

¹⁹⁶ Abantu ePentekoste, njengoko benditshilo phezolo, malunga nepolisi yabo yoBomi obunguNaphakade, xa benyuka besiya kutsala ezabo. . . izahlulo kuYo. Qwalasela xa babephenjelelwe. Babengcwele, behlonele phambi koThixo. Babebugqumile ubuso babo kwizinto zehlabathi, kunye neenyawo zabo kwintobeko. Kwaye xa baweve aMandla kaThixo efika, njengoko kwakuthenjiswa ngoYoweli, njengoko kwakuthenjiswa ngabaprofeti, njengoko kwakuthenjisiwe nguYesu! “Lindani phezulu esixekweni saseYerusalem nide nambathiswe aMandla avela eNyangweni.” Kwamsinya xa laThixo, eMntwini kaMoya oyiNgcwele, wehlayo phezu kwabo, bapnenjelelwa. Babengakhathali bangaphi abantu ababahlekayo. Baphumela esitratweni bemka, begxadazela njengendoda enxilileyo. Babephejelelwe nguMoya oyiNgcwele. Ungaphenjelelwa, nawe. Bema kanye. . .

¹⁹⁷ Mqaphele. Zange ajikeleze abe esitsho uhlobo oluthile lwemvumo nkolo. Wabuyela kanye ngqo emva eLizwini, waze wathi, “Nina madoda aseYerusalem, nina bahleli kwaYuda, makwezeke oku kuni, kwaye phulaphulani emazwini am. Aba abanxilanga njengoko nicinga, ekubeni iyiyure yesithathu yemini. Kodwa oku kOkuya okwathethwayo ngumprofeti uYoweli, ‘Kwaye kuyakwenzeka kwimihla yokugqibela,’ utsho uThixo, ‘Ndiyakuwuthulula uMoya waM phezu kwayo yonke inyama.’” Babephejelelwe liLizwi, eLizwini. Ifanele yenze kuthi ngendlela ekwanye.

¹⁹⁸ Baba sekwenzeni, ewe, xa isithembiso Sakhe sasizalisekisiwe. Xa, babona ukuba uYesu wabathembisa ukuba Uyakuthumela isithembiso sikaYise phezu kwabo, uLuka ama 24:49, “Yabonani, ndinithumelela isithembiso sikaBawo waM phezu kwenu; kodwa lindani.” Lindani akuthethi ukuthandaza, ithetha nje ukulinda. *Lindani* kuthetha “linda.” “Lindani phezulu phaya esixekweni eYerusalemi nide nambathiswe aMandla aphuma eNyangweni.” Kwaye xa lempembelelo kaMoya oyiNgcwele ibabetha, Yabazalisa. Balibona iLizwi, awathi uYesu walithembisa, lizalisekisiwe.

¹⁹⁹ Ngoku, ndiyamangala ukuba iyakuthabatha impembelelo ekwanye kuthi ngale mvakwemini? Ukuba sibona oko Wakuthembisayo ukukukwenza kwimihla yokugqibela, kuzalisekiseka, loluphi uhlobo lwempembelelo Eyakusinika lona? Yintoni? Konke esithe sakubona kusenzeka kwezi ntsuku zokugqibela kufanele kusibeke ekwenzeni. Ngenene kufanele kubenjalo, ngentlonelo nentobeko.

²⁰⁰ Ngaphandle kwentandabuzo, ibango elenziwayo kumashumi amathathu eminyaka eyagqithayo, malunga neNtsika yoMlilo, eyathi ikhamera yayifota. Ikhamera yenu yaseTexas yayifota kungekudala. Uphando lwezenzululwazi, lwayifaka kuzo zonke iintlobo zophando ababenokulufumana, ngeFBI. Kwaye . . . [Indawo engenanto ekhasetini—Mhl.] . . . ? . . . Bayithatha eTexas, besenzela umTexas. Xa ubona umqondiso, awunakuphikwa. Iyinyaniso. Kodwa ungalikholelwa na iZwi elilandela umqondiso? Umqondiso ubonakalisiwe ngokobunzululwazi. Ngoku, ngenye imini xa uYesu ebuya kwaye ethabatha abantu, yonke indlela aba yiyo, iyakwenziwa yazeke, kananjalo.

²⁰¹ Qwalasela, iNtsika yoMlilo ifanele isibeke ekwenzeni, njengoko iNtsika yoMlilo ingqinela isithembiso saYo semihla yokugqibela. UYesu wathi, “Ndiphuma kuThixo, kwaye ndiya kuThixo,” kunye noko Ayakwenza ngemihla yokugqibela. Kwaye nanku elapha, kokubini ngokwenzululwazi nangokomoya, eLizwini ekubonakalisa, ukuba Yena uphuma kuThixo kwaye futhi uhlala eyinto enye. UsenguThixo, wesithembiso kwimihla yokugqibela. Ifanele isibeke ekwenzeni.

²⁰² Imiqondiso yoKuza ifikile. Wathi uYesu, “Njengoko kwabanjalo eSodom, nje ngaphambi kokutshiswa kwehlabathi, ihlabathi leNtlanga,” oku kuyakubuyela. Ifanele isiphembelele kwaye isibeke ekwenzeni, ngokunjalo. Xa sibona iLizwi lizalisekiseka, athe Walithembisa, ifanele isibeke ekwenzeni.

²⁰³ Thina, njengomprofeti, sizibonile iziphumo zamahlelo aziphakamisileyo, elahlekana nendawo yawo. Ndifuna ingene ukwehlela ezantsi ngenene, kuba ndingangaphindi ndithethe nani kwakhona. Kodwa, madoda nabafazi, ndingakutsho oku, ndize ndithethe nani khululekileyo, ngale mva kwemini,

eGameni likaYesu Kristu. Amadoda acinga ngokuqileyo, amadoda angekho lukhuni, akude kakhulu kuThixo ngezithethe; okokuba, alibonile ibandla iPentekoste, niyibonile iBhaptizi, iWisile, neRhabe, nilibonile ibandla iKatolika, liphulukana nendawo yalo kuThixo, liphulukana nokubambelela kwalo eLizwini, xa bamkela iimvumo nkolo.

204 Nda—ndandisenziwa udliwano-ndlebe ngumpristi, kungekudala, kwaye wathi kum, wathi, “Kutheni, ndi...” Wandibuza malunga nento ethile, kwanezi zinto. Wathi, “Kuhle, ibandla iKatolika laliqhele ukwenza okuya.”

205 Ndathi, “Nini? Ibandla iKatolika zange libe ngumbutho amakhulu amathathu eminyaka emva kokufa kompostile wokugqibela.”

Wathi, wathi, “Uzama ukuzama ibango lakho ngeBhayibhile.”

Ndathi, “LiLizwi elo.”

Wathi, “UThixo usebandleni laKhe.”

206 Ndathi, “UThixo useLizwini Lakhe. Yonke into engenye mayibe bubuxoki, lize elaKhe libe yinyaniso.”

207 Waze wathi, “Kuhle, leyo nje yiNcwadi awathi—awathi amaKatolika angaphambili ayibhala.”

208 Ndathi, “Ngoko ndingumKatolika wangaphambili. Ndikholelwa nje oko Ikutshiloyo.” Andi... Ndathi, “Ngoko...”

Wathi, “Kuhle, yabona, silibandla elingaphezulu ukuba likhulu ngoku.”

209 Ndathi, “Ngoko kuphi apho niphulukeneyo khona? Kwenzeke ntoni? Ukuba ibandla langaphambili lakhupha iidemoni, kwaye labonakalisa uYesu ephila phezu komhlaba, ngemiqondiso kamoya nezimanga; kwaye apha ninamawaka abangxengxezeli, bazo zonke iintlobo zabafazi abafileyo namadoda afileyo, nayo yonke into, nisenza abangxengxezeli. EBhayibhileni, ipope yokuqala yathi, okokuba, ‘Akukho mxolelanisi wumbi phakathi koThixo nomntu kuphela uMntu uYesu Kristu.’”

210 Ukuphulukana nendawo yenu eLizwini, nize namnkele iimvumo nkolo nokuziphakamisa ngentshumayelo zomntu, sibabonile bephulukana noMoya oyiNgcwele omkhulu. Siwabonile amaPentekoste esenza into ekwanye. Kwaye niyayibona. Xa bazenza umbutho, bayafa. Akukho ndlela yakubuyela emva; zange ibekhona, kwaye ayisokuze ibekhona. UThixo uchasene nalonto. Isisono ngenene. Wathi, kwimihla yokugqibela Uyakuthi, “Phumani phakathi kwabo, bantu baM, okokuba ningachukumisi izinto zabo ezizinqambi; ndaye Ndiyakunamnkela.”

211 Njengo Uziya, yintoni awazama ukuyenza? Wazama ukuthabatha indawo yesikhundla esithanjisiweyo, isikhundla sikaThixo esithanjisiweyo. U-Uziya wazama ukuthabatha ela gunya, ngokuba wayeyindoda ebalulekileyo.

212 Siyayibona lena iziphakamisileyo imibutho ixinanisela ngaphandle yonke into ebizwa uThixo, kwaye izama ukuthabatha isikhundla seBandla, iBandla elithanjisiweyo. Kwaye ngeemvumo nkolo, sifumanise ukuba ifile ekungakholweni, kwaye ayisokuze ivuke kwakhona. Iyakufela kwinkampu yabaneqhenkqe kunye nabo bonke.

213 Yabona phaya? Indoda, indoda ecingayo, indoda ekholelwa iSibhalo iyakubona okuya. Ukuba uzalwe nguThixo, uyayibona. UThixo eyibonakalisa ngokucacileyo into, ukuze aphebelele wena. Njengoko sishumayele iveki yonke, nezinto, into ekuyenzayo, ukutsala umdla. Iyakuphembelela, ukuze ubone apho baye khona nokwenzekileyo, kubo ngamnye kubo.

214 Ukuba benze umbutho elinye, liyakwenza into ekwanye. Kodwa akusayi kubasabakho nalinye lawo. Hayi. Bona, iphelile ngoku. Kusemva kwexesha kakhulu ngoku.

215 Baphulukana nendawo yabo, ngokwamnkela iimvumo nkolo neemfundiso ezenziwe ngabantu. Bayoyika, yiza nje ume ecaleni kwaLo. Yabona?

216 Njengo Uziya ezama ukuthabatha indawo ye—yesikhundla esithanjisiweyo, ngokuba wayengumfo omkhulu, umfo omkhulu. Kwaye phakathi kwabantu bakaThixo akukho mfo omkhulu. Sonke singabantwana bakaThixo. UThixo unike ngamnye kuthi into enye yokwenza, aze omnye enye into yokwenza, oko akusenzi sibengcono kunaye namnye ongomnye. Nje kwenza uThixo afune okungaphezulu esandleni sakho, yilonto kuphela.

217 Ngoku imiphumela yonjalo umbono, kwaye siyavala. Siqalise ukuthandazela abagulayo, kwimizuzu embalwa. Ngoku imiphumela yonjalo umbono. Yintoni imiphumela eyayenzayo kulo mprofeti? Ndiyamangala malunga nomshumayeli, ndiyamangala malunga nomvangeli, okanye umalusi? Jonga oko umbono wOku wakwenzayo, kunye noko wakubonayo, kwenzeka ntoni koziphakamisileyo u-Uziya. Kwaye ngoko, ngendoda enkulu awathi uThixo wayihlonipha, into enkulu, bayibona ifile. Yintoni imiphumela eyabanayo kumprofeti?

218 Naku eyakwenzayo. Yambangela ukuba ahlambulule ukuba ungumoni ngokunxulumana nonjalo. Wahambulula, “Ndiyindoda emilebe iyingqambi, kwaye ndibe ndihleli phakathi kwabantu abanemilebe eyinqambi.” Kwamenza wahla-... umprofeti, hayi umshumayeli. Umprofeti wahlambulula ukuba wayeyindoda engumoni, ngokuba wayenxulumene nonjalo.

219 Emva koko yintoni? Xa wahlambululayo izono zakhe, emva koko kweza ukucoca. Owu, akunakucoeka ezonweni zakho ude uhlambulule ukuba sisono, de uqaphele sisono. Emva koko kuze

ukucoca, kwamsinya etshilo, “Athi ke mna, kuba amehlo am abone ukungqinelwa koThixo omkhulu. IiNgelosi, Abatshisi, Abanyusi madini balapha, kwaye imigubasi iyadidizela ngenxa yaMazwi Abo, kwaye apha Bakulombono, bephaphazela ukuya phambili nangasemva.” Wabona into ethile yenene. Umbono wawehlile. Wathi, “Ndiyindoda emilebe iyingqambi, kwaye ndihleli phakathi kwabantu abayingqambi.” Wathi, wakhala ecela inceba kwaye ezibiza yena ukuba ngumoni.

²²⁰ Emva koko yintoni eyenzekayo? Enye yeeKherubhi yaya ngaphaya esibingelelweni, yaza yathabatha izithabatho yachola ilahla elivuthayo, yalibeka esandleni Sayo. Ayaphatha ngesithabatho ngoko; yachola ilahla, yalibeka esandleni Sayo, yaza yeza yalibeka phezu kwemilebe yomprofeti, yaze yathi, “Ubugwenxa bakho. . .”

²²¹ Ubugwenxa, yintoni ubungwenxa? Ubugwenxa yinto othi uyazi ukuba ayilunganga, kodwa ube usabambelele kuyo. Xa usazi ukuba iimvumo nkolo zakho azilunganga, kodwa usambelele kuzo, obo bubungwenxa.

²²² Kodwa xa wahlambulula ukuba wayengalunganga, kwabakho amandla okucoca. Yathabatha ilahle loMlilo. Ingaba uyiqaphele indlela uThixo. . .

²²³ Siyabona indlela uThixo abeka ngayo izicaka Zakhe kulungelelwano, noko Amlungisa ngako; indlela anokuthi, ekubeni ethobekile, ehlonene, aze azibeke ekwenzeni.

²²⁴ Qaphela xa ecoca isicaka, Akazange akwenze ngesikolo sakwalizwi. Akazange wakwenza ngemfumba yeencwadi. Siyafumanisa apha ukuba uThixo ucoca izicaka Zakhe ngoMlilo. Ilahle loMlilo lachukumisa umprofeti, lacoca imilebe yakhe. UThixo ucoca izicaka Zakhe ngoMlilo waKhe oNgcwele. Hayi ngeencwadi, hayi ngemfundo, hayi ngemfundo ngezenkolo; kodwa Wacoca isicaka Sakhe ngoMlilo.

²²⁵ Emva koko kwamsinya njengoko wahlambulula kwaye wacocoka, emva koko kwalandela umyalelo. Okokuqala kwafuneka ahlambulule, emva koko kwafuneka acocwe, kwaye ngoku ngumyalelo. Kwaba ngelo lixa awathi u-Isaya ocociweyo wadanduluka. . . Xana walivayo iZwi likaThixo, wathi, “Ngubani na oyakusiyela Thina?”

²²⁶ Jonga emva kwimbali, xana ufunda oku, xana ugoduka, yintoni eyenzekayo kuSirayeli. Wafumana into ekwanye (phi) indawo esikuyo. Babeyibize. . . Onke amadini abo kunye nezinto aba sisithethe kubo. Kwakungekho kunyaniseka. Babengalihlonelanga iLizwi likaThixo. Apho kuxa uThixo wavusa u-Isaya, ukuba amxelele ukuba wona amadini ayenuka ezimpulwemi Zakhe. Wayengawafuni wona. Ayesisanyeliso kuYe, ngoko Wayengafuni kwanto yakwenza nawo. Kwaye xa. . . Lo Isaya wayecociwe kwaye elungele ukuya kushumayela iVangeli ngoko.

227 Kwaye iZwi likaThixo lathi, “Ngoku sikhona isidingo. Ezi zinto kufanelwe zixelwe.” Kwaye elinye iZwi lathi kwelinye, iiNgelosi ziphaphazela, lathi, “Ngubani na oyakusiyela Thina?”

228 Emva koko u-Isaya, kunye nentliziyo ecocekileyo; ecociwe, ehlambulule, ecociwe kwaye eyalelwe, umbono; wathi, “Ndilapha, Nkosi, thuma mna. Thuma mna. Ndilapha, thuma mna.”

229 Thixo, thumela iiNgelosi Zakho ezingewe kwakhona namhlanje. Fumana u-Isaya Wakho ndaweni ithile, umthandazo wam. A—andi . . . Ndikutsho nje oku kuba ndiyazi Yena ulapha.

Xa lathi ilahle loMlilo lamchukumisa
umprofeti,
Limenza yena abe nyulu kangangoko
ubunyulu bunokubanjalo,
Kwaye xa iZwi likaThixo lathi, “Ngubani na
owosiyela?”
Emva koko waphendula, “Nkosi, ndilapha,
thuma mna.”

230 Wayengoyiki emva koko ngeLizwi. Waye engumprofeti; iLizwi lalinokuza kuye. Waye e . . .Konke ukungakholwa kwakhe kunye nezithethe zazimkile. Wayenakho ukuma phambi kwesasigaba sesithethe, aze asixelele, “Amadini enu ayanuka empumlwani kaThixo. Kwaye kwa loo Thixo enibanga ukumkhonza, uyakunitshabalalisa.” Koko Yena awakutshoyo. “UThixo enibanga ukumkhonza, uyakunitshabalalisa,” kwaye Wakwenza.

Bathi, “Umqondiso!”

Wathi, “Ndiyakuninika owona mqondiso; intombi iyakumitha.”

231 U-Isaya wabhala amashumi amathandathu anesithathu ezahluko eNcwadini yakhe, kwaye kukho amashumi amathandathu anesithandathu eeNcwadi eBhayibhileni. Uqalisa ngokuqaleka kwendalo, aze aphele kwiMillennium nje ngohlobo iBhayibhile yonke yenzayo.

232 Laa mprofeti mkhulu kaThixo, owayekulungele ukuhlambulula ukuba zonke izithethe zabo zazingalunganga; kwaye ehlele ngasezantsi phaya aze acocwe, ukuze iLizwi likaThixo libe nakho ukuza kuye. Emva koko wathi, “Ndikulungele ukuya, Nkosi. Ndikulungele. Ndiyakuthetha oko Uthi kuthethe. Ndiyakutsho oko Uthi kutsho.” Wayekulungele ukuya.

233 Thixo, zisa iiNgelosi kwakhona, ngale mva kwemini, uMoya oyiNgcwele noMlilo, kwaye ucoce iintliziyo zabazalwana bam, kuyo yonke indawo. Banga bangaba yenjalo impembelelo de abanye babe nokubona baze bafune ukulandela, nabo.

234 Masithobiseni iintloko zethu. Ngenzolo:

Xa lathi ilahle loMlilo lamchukumisa
 umprofeti,
 Limenza yena abe nyulu kangangoko
 ubunyulu bunokubanjalo,
 Xa iZwi lika likaThixo lathi, “Ngubani na
 owosiyela?”
 Emva koko waphendula, “Nkosi, ndilapha,
 thuma mna.”

Ngenzolo ngoku, sonke ngokuhlangeneyo.

Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiyakukhawuleza
 ukuKuphendula;
 Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
 thuma mna.”

Izigidi ngoku esonweni nasehlazweni ziyafa;
 Phulaphulani kwesidakumbileyo nesikrakra
 isikhalo sabo;

Khawuleza, mzalwana, khawuleza
 uyekubanceda;

Khawuleza uphendule, “Nkosi, ndilapha.”

Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiyakukhawuleza
 ukuKuphendula;
 Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
 thuma mna.”

²³⁵ Masiyingqumshela, ngenzolo. [UMzalwana uBranham uyaqalisa ukungqumshela u*Thetha, Nkosi Yam*—Mhl.] Masehleni ngoku siye etempileni.

Yiva esilusizi nesikrakra isikhalo sabo; (Owu,
 mzalwana, yiza kunye nam, akunakuza?)

Khawuleza, mzalwana, khawuleza
 ukubanceda; (Abalazi leliphi ihleli, elilelabo,
 okanye kwanto.)

Khawuleza uphendule, “Nkosi, ndilapha.”

Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 (BoIsaya, ingaba nilapha?)

. . . kwaye ndiyakukhawuleza ukuKuphendula,
 Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
 thuma mna.”

²³⁶ Ndiyamangala, ngeentloko zenu ziqutyudiwe kunye neentliziyo zenu ziqutyudiwe, Isaya, uphi? Ungaphakamisa isandla sakho, uthi “Nkosi ndilapha, thuma mna. Ndikulungelele”? UThixo akusikelele. Ngoku ngenene bhekiselela kuyo. Amashumi asithoba eepesenti esihlewele.

Thetha, Nkosi yam,
Thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
thuma mna.”

²³⁷ Jongani, balungiseleli, nina niphakamise isandla. Jongani kubafazi bethu, oodade bethu, elinjani ihlazo! Tsk, tsk, tsk, tsk, tsk, tsk! Jonga kumadoda ethu, cinga ngakumbi ngombutho kunokuba besenza ngeLizwi likaThixo. UYesu Kristu ezibonakalisa Buqu phakathi kwabo, kwaye ngqo iSibhalo ngokucacileyo kwaye wasazisa, kwaye noko bayakujinga kuwo. Mzalwana!

²³⁸ Othile uthi, “Kuhle, andiyi kuba nanto. Ndi—ndi . . . okokuba ba . . . Andiyi kuba nandawo yakuya.”

²³⁹ Mzalwana, ukuba kufanele nditye iisoda crackers ndize ndisele amanzi omfula, ndiyakuhlala neNkosi yam. Ububomi bam. Usisonka sam. Ucinga ndenza oku ukuze ndahluke? Ndikwenza oku ngokuba ndiyaMthanda, ngokuba luyalelo lwam. Yima omnye ecaleni komnye, kunye naYe, kunye nela Lizwi!

Owu, thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
thuma mna.”

²⁴⁰ Bawo waseZulwini, njengoko umculo udlala kamnandi, wanga wonke umntu okobuNgcwele uBukhona, Nkosi, abone ukuba eli lixesha lokubizwa. Li—lixesha lokohlukaniswa, xa umququ kunye—kunye nengqolowa kufanele yahlukaniswe. Nangona i—ingqolowa ibisongelwe ngekhasi, kodwa ngoku lixesha lukobizwa. Yenye imfuduko.

²⁴¹ Ndiyathandaza, Thixo, njengokuba okukhulu uKukhanya koNyana kuvuthiswe ukhozo kuso sonke isigaba soBomi balo, ukusukela kwelixesha . . . NjengaseCanada ngoku, xa ingqolowa isandula ukuvela, ela langa lishushu likaJulayi liyakuyibulala kanye ngoku, kodwa ifanele ivuthwe ngokwendlela ethi indalo izise ilanga phezu kwayo. Ke benza njalo ubushushu boNyana phezu kwemfundiso kaLuther, Wesley kunye nabo bonke abanye, Buyayitshisa, kodwa bobokuvuthiswa kwengqolowa. Ifanele ivuthwe, Nkosi, njengoko Yona ivela.

²⁴² Kodwa, khumbulani, onke amasebe ayethenwa, kwaye uMthi woMtshakazi uphuma kanye embindini. “Ndiyakubuyisela, kwakhona, yonke iminyaka athe umqikele, umnqunquthi,” isinambuzane esinye, kuphela kwizigaba ezahlukeneyo, “wayidla. Ndiyakuyibuyisela,” ITSHO INKOSI. Kwaye Wena uyakuyenza, Nkosi. Uyithembisile. Ndiyathandaza ukuba Uyakuyenza kuyo yonke intliziyo ngale mvakwemini.

²⁴³ Bangabakho, Nkosi. Ndibanikelela kuWe ngoku. Kwaye ndingangabi saphinde ndibabone. Ukuba ndiyakubuyela, unyaka ukusukela namhlanje, kukho abaninzi abahleli apha, ukuba ndiyaphila, abayi kubabephila. Akukho ntandabuzo, lomlinganiselo wesihlwele, kwixesha elizayo ndihlangana nabo

kuyakuba seMgwebeni. Bavumele babone, Nkosi. Bavumele bavule amehlo abo, ukuba kukho . . . baze babone.

²⁴⁴ Bonke aba bakwiteyiphu, Nkosi, abaphulaphule kwiZwi leli xesha, ezininzi iilwimi ezahlukeneyo, nkqu zitolikiwe, banga bangaqonda. Anga amadoda nabafazi, kwizindlwana ezincinci, nangaphandle kumahlathana ase-Afrika, kunye nabo matshini bancinci kunye nemibhobho ezindlebeni zabo, banga bangeva, Nkosi, beve. Kunikeze. Ummishinari ebelungisile koko ebekutsho, kodwa obu bobona bukhulu ubunqina konoba ebenabo. Ukulungele ngoku. Sive, Bawo. Sinikela konke kuWe, eGameni likaYesu Kristu, uNyana Wakho, nangenxa yokubizwa koMtshakazi Wakhe. Amen.

²⁴⁵ Ngoku, mzalwana, dade, sizakuthandazela abagulayo, ngamnye kuni ophakamise isandla sakho. A—andinakuyinikeza. Ukuba bendingayinikezela kuwe, bendiyakuyenza. Ngokuqinisekileyo, be—bendiyakuhla ndize apho ndize ndithi, “Nantsi, uyayifuna? Be—bendiya kuba nayo.” Asikokwam ukunikeza. KokukaThixo, kwaye uThixo uyakuyinikeza kuni ukuba kukho ukulamba entliziyweni yenu.

²⁴⁶ Ngaphambi kokuba kubekho ubizo kwinzulu kufanele kubekho inzulu yokusabela kolwa bizo. Ngaphambi kokuba kunokubakhona indalo, kufanele kubekho uMdali wokudala laa ndalo.

²⁴⁷ Niyazi kukho into phaya enisondela kuyo; kufanele kubekho into phandle phaya yokusabela kolwabizo. Aninakho na ukuyamnkela ngoku? Musani ukuyivumela ife. Ncedani musani. Ukuba andiniboni kwakhona kweli cala loMgwebo, ndinga ndinganibona Phaya, nihlanjiwe kwaye nikulungele. Umthandazo wam!

²⁴⁸ Ngoku, uThixo ka-Abraham, u-Isake, noYakobi, Owabonakala emhlabeni kwimo yoMntu, uNyana kaThixo, uYesu Kristu; Oweva ubunzima phantsi koPontiyas Pilato, wabethelwa emnqamlezweni, wangcwatywa, wavuka ngosuku lwesithathu; waza wenyukela eZulwini, apho Yena ngoku ehleli kwisandla sangasekunene sobuKhulu; ethumela emva uMoya owawuphezu kwaKhe, obizwa uMoya oyiNgcwele, uThixo, phezu . . . ukuba ehlele phezu koluntu, ukudlelana, ukuqhubeka ulungiselelo olwaqhubekayo kulamzimba wozuko kaKristu. Kufanelekile . . . ukuza njengoko iphiramidi ibumbeke ukuphakama, ngolwa *hlobo*, iNtlokolitye ayizange ibekwe kuyo. Ngokuba? Yayaliwe.

²⁴⁹ Ngoku ukwehlela ezantsi, iBandla liqhubekile ukuba ligcuntswana, lithe lenyuka ngoku de izigaba zebandla zaphela. Lifanele lisulungekiswa. Ela Litye kufanele linxibelelane kakuhle. Ulungiselelo olwalukuYesu Kristu lufanele lube seBandleni Lakhe, ukwenza uKristu azele iBandla, azokuvusa sonke isigaba, ukuzisa Yena, ukuyikhupha.

²⁵⁰ Kwaye njengengqolowa. Inggolowa ifanele ibuyele emva, njengoko iqalisa ukuvuthwa, ukusuka kukhozo apho iye yabola, yafa, yaze yaphuma kwaye yaqhubeka ukunyuka ukusuka engceni ukuya kwinto ethile eyenye. Akunakubuyela emva engceni. Sukwelatha emva engceni. Sukwelatha emva *koku*. Sukwelatha emva kwisithungu. Yiza de ufike engqoloweni. Kwaye ingqolowa ifanele ibe luhlobo olunye lwengqolowa eyaya yangena emhlabeni, xa ivuthiwe. UYesu uvusiwe ekufeni. Uvuthiwe ngoku. Kwaye Uvuthiwe eBandleni Lakhe, ngogwetyelo, ungcwaliseko, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele; ngabo ababahlaziyi kwimhla yangaphambili, ngoku nanku Yena usemhlabeni namhlanje ebantwini Bakhe. Mkholelweni. Ulapha.

²⁵¹ Nje okokuba ube nokuMbona, (ngaba ngabangaziwayo), wanga uThixo weZulu angahlonipha oko ndikutshiloyo malunga naYe. Ngoku ndifuna nina basesihlweni, ncedani, kungabikho mntu uphumayo kwakhona. Nikani nje uThixo weZulu lena ingako intlonipho, nje ukuhlala ithutyana. Ngoku sukushukuma. Makathi wonke ubani apha, ogulayo okanye onesidingo, phakamisa isandla sakho. Okanye ube . . . Kulungile. Enkosi. Ngoku, andiyazi . . .

²⁵² Ndiyamazi uMzalwana uKing, ehleli kanye apha. Ndisandula ukumqaphela, nje kwimizuzu embalwa egqithileyo. Ndiqinisekile. Ndiyacinga lowo ngulowo anguye, nguMzalwana uKing ehleli phaya. Waxhasa ngezimali umhlangano wam ogqithileyo apha. Mzalwana uKing, andikwazi ukutsho oko ndifuna ukukutsho, kodwa uyayazi ndiyakwazi oko ndifuna ukukutsho. Ubusekusilweni, mzalwana wam omncinci. UThixo abe nenceba kuwe.

²⁵³ Abanye, andibazi. Ndisabona uPat Tyler ehleli apha. Ndingcinga kuphela kwendoda esakhiweni, okanye kuphela komfazi, nantoni na endiyaziyo, yile ndoda, uPat Tyler, ehleli apha.

²⁵⁴ Kholwani ngoku. Kwaye ukuba ndiyakube ndisisicaka sikaThixo, kwaye ukuba uThixo ulapha, kwaye ndilikhombile iLizwi Lakhe ekubeni liyiNyaniso; ngoko makathi uThixo waseZulwini, Owavusa uNyana Wakhe, uYesu Kristu, Owenza ezi zithembiso, ayazise kunye nani, okokuba ndiye ndaxela iNyaniso.

²⁵⁵ Uyakuyenza njani Yena? Hayi ngokuza ngesambatho, neendevu. Kodwa uBomi Bakhe, “NdinguMdiliya, nina ke ningamasebe.” UBomi obuseMdiliyeni busesebeni. “Imisebenzi Endiyenzayo niyakuyenza nani,” kwaye uyithembisile kulo mhla, xa isebe elilandelayo livela. Sinamaninzi amasebe axokonyezelelweyo; ngokuqinisekileyo, iyakuthwala isiqhamo, kodwa hayi olu hlobo lwesiqhamo. Owu, hayi.

256 Ndibone umthi ePhoenix, kungekudala, ubu namalunga nesibhozo okanye isithoba seziqhamo ezahlukahlukenyo kuwo. UngokaMzalwana uJohn Sharrit. Ndathi, “Hlobo luni lomthi oluya?”

Wathi, “Ngumthi we-orenji, Mzalwana uBranham.”

257 “Kutheni,” ndathi, “kukho ilamuni nembambusi ne—ne neetanjelos, neenartyisi.”

258 Kwaye wathi, “Ewe, zonke ziziqhamo zesitras.” Wathi, “Ndizixokomezelele phaya.”

259 “Owu,” Ndathi, “Ndiyabona. Ngoku, kunyaka olandelayo, zonke ziya kuba zii-orenji?”

260 Wathi, “Owu, hayi. Huh-uh! Hayi. Kunyaka olandelayo i—ilamuni iyakuba yilamuni, i—imbambusi iyakuba yimbambusi.”

261 Ndathi, “Kokusuka kulamdiliya mnye? Kusuka kokuya kunye, kusuka ku—kusuka kumthi we-orenji?”

262 Wathi, “Ewe. Zonke ziziqhamo zesitras, Mzalwana uBranham. Iyakuphila ngesiqhamo sesitras.”

263 Emva koko ndeva iinyembezi zisihla ngezidlele zam. Ndathi “Nkosi uYesu, ndiyayazi oko Uthetha kona ngoku.” Nantso ke. La mahlelo azixokomezelele, kodwa athwala iziqhamo zobuhlelo.

264 Phulaphulani. Ukuba ela sebe lenene lingaze livelise... uMdiliya wenene uvelise elinye isebe, liyakuba lelemvelo. Yikholelwe.

265 [Udade uqalisa ukuthetha ngolunye ulwimi—Mhl.] Sh-sh-sh-sh-sh! [Uyaqhubeka aze agqibe. Umzalwana unika utoliko.] Enkosi Nkosi. Indlela ayithembise ngayo!

266 Ngoku wonke ubani ahlonene ngenene. Ndizakuma nje apha ndize ndicele iNkosi uYesu.

267 Esi sisipho. Yintoni isipho? Sokuba ukuba ndingasusa ukucinga kwam, ukuba ndingasusa obam ubomi kum, obam—obam ubomi bendalo, umphefumlo wam, lowo nguWilliam Branham; ukuba ndingamsusa yena endleleni, uThixo uyakuwusebenzisa umoya, umzimba ukuze athethe.

268 Yenza uMoya oyiNgcwele uze ngoku, Nkosi, ukuze babenakho ukubona, ngabo abantu, ukuba owazisiweyo uMoya oyiNgcwele ulapha. Isipho ukwenzela wena, indlela . . .

Wonke ubani ahlonene ngenene. Hlalani ngenzolo.

269 Nje indoda ihleli apha. Ngoku ndifuna nina nonke niphakamise iintloko zenu nize nijonge umzuzu. Niyakubona Okuya kanye apha kule ndoda? UKukhanya, uKukhanya okulubhelu, kuvutha, njengesangqa nje. . . Bangaphi ababone umfanekiso waKo? Wawuthatyathwe apha eHouston. Niyabona? UseWashington, DC, kwihlabathi lonke. Kuphela kweSiqu

esingaphezu kwendalo esakhe safotwa, kulo lonke ihlabathi. Naku Kona apha kanye ngoku.

²⁷⁰ Ndithabatha wonke umoya ngaphakathi apha phantsi kolawulo lwam, eGameni likaYesu Kristu.

²⁷¹ Le ndoda igula ngengxaki yedlala emqaleni wayo. Andiyazi, zange ndayibona ebomini bam, kodwa leyo yinyaniso. Akukho njalo oko, mhlekazi? Uyakholwa ngoku? Indoda engasemva phaya, uyakholwa ukuba uThixo uyakwenza kwazeke kum malunga nawe? UnguMnu. Hall. Elo ligama lakho, asililo? Kulungile, mhlekazi. Iphelile ngoku. Ukholo lwakho lukuphilisile.

²⁷² Ndingabiza umgca wokuthandazelwa, ndibazise apha eqongeni. Akukho sidingo sawo. Masithabathe omnye wale miqolo apha, ndaweni ithile. Apha, qala kanye apha. Nantsi intombazanana encinci ihleli apha. Jonga ngale ndlela, sthandwa. Kungabe akukho nto ingalunganga nawe, andazi. Kodwa nje yithi, endaweni yomgca wokuthandazela uze apha, masiyihlisele apha.

²⁷³ Jonga apha, sthandwa. Jonga kuMzalwana uBranham. Kwimihla xa uYesu wayelapha emhlabeni. . .Ewe, iyagula. Ugula kakhulu, la mntwana phaya. Ewe, mhlekazi. Ukuba uYesu ebelapha, Ebenokuxelela oko kungalunganga kuwe, Ebengenakho? Ingaba uyakholwa ukuba uYesu uthumele uMzalwana uBranham ukuba ayenze? Ndiyakukuxelela yintoni engalunganga nawe, uyakholwa ukuba Uyakukuphilisa? Yiswekile, laa mntwana umcinci. Akukho ndlela ehlabathini yokuba yona iphiliswe ngaphandle koThixo. Uyakholwa, sthandwa?

²⁷⁴ Ngoku inenekazi lihleli ngasecaleni, eliphakamise isandla phezulu, lowo ngunina kumntwana. Injalo lonto. Beka isandla sakho phezu kwakhe, dade. Kholwa ngoku. UThixo wazisa laa mntwana kuwe. Yanga iNkosi inganikeza impiliso yakhe.

²⁷⁵ Eli nenekazi lilandelayo, lihleli ecaleni konina phaya. Jonga apha kum, nenekazi. Uyandikholelwa ukuba ndisisicaka Sakhe, isicaka sikaThixo? Ukuba uThixo uyakundixelela into ethile ebomini bakho, okanye oko ukufunayo, ukuba uyagula, okanye akuguli, okanye nantoni na eyiyo; ukuba uThixo uyakundixelela iminqweno yakho, ingaba uyakukholwa? Okanye into ethile enjeya, andikwazi oko Ayakukwenza, ingaba uyakuyikholelwa? Uyazi ibiyakufanela ibe nguYesu Kristu.

²⁷⁶ Ukude lee kum. Ubungenakundichukumisa ukuba bekufanele undichukumise; kuba, ukuba ubundichukumisile, bekuyakufanela ukuba kube ngokukwasenyameni. Kufuneka uchukumise uMoya. UMoya nguKristu. "NguMbingeleli oMkhulu ngoku," iBhayibhile ithe, "onokuchukumiyiswa zimvakalelo zezilwelwe zethu."

277 Uyabulaleka, ngokunjalo. Uyakholwa na ukuba uThixo angandixelela yintoni eyigxaki yakho? Ubulaleka yingxaki yomqolo, kunye negazi eliphezulu, kwaye—kwaye uneqondo eliphezulu legazi, kwaye unengxaki yentliziyo. Oko kunjalo ngqo. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Injalo lonto. Uyakholwa na ngoku?

278 Malunga naphi nawe unengalo yakho imgonile phaya? Inenekazi ngale ndlela, jonga apha. Ingaba wena... Ndingongaziwayo kuwe. Ingaba uyandikholelwa ukuba ndisisicaka Sakhe? Uyandikholelwa mna, okokuba oko ndikutshiloyo kuyiNyaniso, okokuba ndikuxelele iNyaniso. Uyakholwa ukuba uThixo angatyhila kum ingxaki yakho? Nantoni na, Yena...nantoni na eyiyo, Uyakholwa ukuba Unakho ukuyityhila? Yona ngenene asiyonto ofuna ukuthandazelwa ngayo. Unekhadi lokuthandazelwa, ndiyabona esandleni sakho; ungowokuqala onekhadi lokuthandazelwa. Uyakholwa na ukuba uThixo angandixelela isizathu sokuba ube nekhadi? Lelomyeni wakho. Uyakholwa na ukuba uThixo angandixelela yintoni engalunganga nomyeni wakho? Ukuba uThixo akamchukumisi, uzakufa yena. [Udade uthi, "Injalo."—Mhl.] Unomhlaza kwaye unengxaki yomphunga. Injalo lonto, ayinjalo? ["Leyo yinyaniso."] Uh-huh. Phakamisa isandla sakho ukuba oko kunjalo. Ukuba uyakukholwa, bonke babo baya kukholwa, angaphiliswa.

279 Indoda ehleli ecaleni kwakho, uyandikholelwa ukuba ndisisicaka Sakhe, mhlekazi? Ukuba uThixo angatyhila kum into eyiyo ingxaki yakho, ingaba uyakukholwa ngoko ngentliziyo yakho yonke? Ubulaleka yingxaki yentliziyo. Injalo lonto. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Uh-huh. Kulungile.

280 Inenekazi linikina nje intloko yalo kunye nalo, ngolwa hlobo, lihleli ecaleni kwakho. Uyakholwa na ukuba uThixo angandixelela yintoni intliziyo yakho, okanye into ethile oyinqwenelayo entliziweni yakho, okanye into ethile, okanye into ethile, uthandazela umntu othile ongomnye? Uyakholwa uThixo angayityhila kum ngelixa intambiso ilapha, kwaye sinakho ukuyibona Yona kwaye sibona Yona ifanele ibe yinto ethile yenene? Ityhila imfihlelo zentliziyo, ichaza oko, nje ngoYesu waxelela umfazi equleni. Ngoku nawe uyabulaleka. U—ubulaleka ngengxaki yomqolo. Eyakho isemqolo. Phakamisa isandla sakho ukuba oko kunjalo. Uh-huh.

281 Ngoku inenekazi ecaleni kwakhe, elililayo, kunye nenxili yakho isepokwethweni yakho, linxibe ilokhwe eluhlaza, iinwele ezimnyama, onesiqu. Jonga kum. Uyandikholelwa ukuba ndisisicaka sikaThixo? Jonga apha. Yabona, ukumqolo ongaphambili, ndingaqhagamshelana nawe ngokulula, ngoncedo lukaThixo. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela into eyiyo ingxaki yakho, njengokufana nokuba usemgceni

wokuthandazelwa? Uyakholwa ukuba okuya kunganjalo, ukusuka apha? Uyakholwa? Uneqondo oluphezulu lwegazi obulaleka ngalo. Injalo lonto, phakamisa isandla sakho. Kulungile. Uyakholwa, kwaye ungaphiliswa.

²⁸² Inenekazi ecaleni kwakhe. Ucinga ntoni, dade? Jonga ngale ndlela, kum. Uyandikholelwa ukuba ndingumprofeti kaThixo, okanye isicaka Sakhe? Uyayenza lonto, ngentliziyo yakho yonke? Uyakholwa uThixo angachaza kum, njengomfazi equleni, xana uYesu kunye nomfazi bahlangana, oko kungandixelela into eyiyo ingxaki yakho? Uyakholwa? Ingaba ingakunceda, ingaba ingakunceda ukholwe? Jonga. Owu, unento emandundu. Ngunyana, inkwenkwe. Uh-huh. Kwaye laa nkwenkwe inokuphakuzela ngengqondo. Isekhaya. Injalo lonto. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, inkwenkwe iyakuphila. Uyakholwa.

²⁸³ Inenekazi elilandelayo phaya. Uyakholwa, dade, ngentliziyo yakho yonke? Uyandikholelwa ukuba ndingumprofeti Wakhe, isicaka Sakhe? Uyakholwa inguYesu Kristu, nje isipho esithi. . .

²⁸⁴ Isiprofeto sisipho. Niyayazi, isipho sikaThixo, samiselwa kudala kakhulu phambi kokuqala kwehlabathi. Kwafanela simiselwe lo mhla. Akunandlela yokwazi yintoni eyintoni. UThixo uyayazisa nje aze atolike iLizwi Lakhe.

²⁸⁵ Ingaba uyakholwa ukuba oko kunjalo, oko ukuvileyo? Uyakholwa ndinganakho. . . Ukuba ndingakuxelela yintoni eyayingalunganga, uyayazi iyakube ingendim. Iyakufanela ibe Ngomnye; izwi lam nje, kodwa uMntu othile ongomnye elisebenzisa. Njengalomboko wokuthetha, uthule de into ethile ithethe ngawo. Asazani. Yabona? Ndiphulukene noxib- . . .

²⁸⁶ Nanku. Ewe, mhlekazi. Inenekazi libulaleka ngumhlaza wegazi. Usegazini lakhe. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho, nenekazi. Injalo lonto. U—uyathandaza kananjalo ngalo mfo mncinci usekugqibeleni. Lowo ngunyana wakho omncinci ehleli phaya ekugqibeleni. Ukuba oko kunjalo, wangazelisa isandla sakho. Ukuba uThixo angandixelela yintoni engalunganga ngonyana wakho omncinci, ingaba uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke okokuba uThixo uyathetha nam, kwaye oko kunjalo? Yona igula ngengamandla imeko yokuphakuzela. Injalo lonto. Ayinjalo lonto? Ngoko beka isandla sakho phezu kwayo, uze ukholwe ngentliziyo yakho yonke, kwaye iyakuphila.

²⁸⁷ Ndinicela umngeni ukuba niyikhholwe! ITSHO INKOSI UTHIXO. Texas, ukuba ufa sisono, ufa ngaphandle kwegazi lam kuwe. Khumbulani, igazi lenu alikho kum. Nantsiya iNyaniso! Lowo nguYesu Kristu ebonakalisiwe, imigca yokuthandazelwa, naphina apho ikhoyo. Kholwani kwiNkosi uYesu Kristu! Ingaba niyayenza? Ingaba neyisekile, ingaba neyiseke ngokwaneleyo okokuba ifanele ibe nguYesu Kristu ngokweLizwi lesithembiso salo mhla? Phakamisani izandla zenu, wonke ubani oweyiseke

ngokwaneleyo ukuba yiNkosi uYesu Kristu. Amen. UThixo anisikelele.

²⁸⁸ Ndiyazi nibe nifundisiwe. Nibe nifundisiwe, ngamnye kuni, into ethile. Kwaye ndiyabona iyi—iyi... ithambisa kakhulu, ingayityhalela nakweyiphi indawo ngoku, yabona. Nibe nifundisiwe ukuba kufuneka nibeke izandla kwabagulayo. Eso sisithethe. Konke kulungile. UYesu wayiqinisekisa.

²⁸⁹ Kodwa lamRoma, oko koko bendizama ukunifumana, kule veki. “Andifanelekanga,” watsho umRoma, “ukuba Wena uze phantsi kophahla lwam. Thetha nje iLizwi!” Yabona?

²⁹⁰ Ukuba othile ubeka izandla kuwe, ngoko, “Mzalwana *Zbani-bani* ubeke izandla kum, uzuko kuThixo!”

²⁹¹ Ndi—ndi—ndizakucela abalungiseleli, abalungiseleli abakholelwayo ukuba beze apha, ke yona nje, ayizozandla zam, kukoko—kukoko—kukoko nje uYesu wakutsho, “Bayakubeka izandla kwabagulayo.”

²⁹² Sizakuthandazela abagulayo, wonke ubani. Bangaphi abanamakhadi okuthandazelwa, ngaphandle kwisakhiwo sonke, phaya masibone izandla zenu. Ehe, sinithembisile, ngoku sinesiqingatha seyure sokwenza oko kulunge. Ndizakucela . . .

²⁹³ Singakwenza njani oku, Mzalwana uPearry. Unawo nawaphi amacebiso? Ukusuka kweli cala ngaphaya *apha*?

²⁹⁴ Yenza *lomgca* apha ngaphandle, abanamakhadi okuthandazelwa, yimani noyame ngodonga, yiyani *ngala* ndlela nize nime noyame udonga. [Umzalwana uthetha noMzalwana uBranham malunga nomgca wokuthandazelwa—Mhl.] Kulungile, mhlekazi. Kulungile oko. Yima ngaphaya *kweliya* cala.

²⁹⁵ Bonke ukusuka kulombindi apha, ukusuka . . . ngoku yimani kwipaseji yezitulo, yabona. Yimani nje kwipaseji yezitulo, aba kulepaseji yezitulo, okanye, lona kulombindi apha, yimani kwipaseji yezitulo.

²⁹⁶ Abanye *kweliya* cala, yimani *kweliya* cala. Abanye apha, yimani apha embindini, *kweli* cala. Kunye naba *kweliya* cala, yimani phaya. Kwaye landelani nje imigca yenu njengoko besiza. Kulungile oko. Bayakube besezantsi phaya beniyalela koko emanikwenze.

²⁹⁷ Ndiyacela . . . Kulungile konke oku, Mzalwana uPearry? [UMzalwana uPearry Green uthi, “Ngokuqinisekileyo.”—Mhl.] Ndicela abalungiseleli abakholelwayo kuKristu, okokuba uKristu uyakuphilisa aba bagulayo ngokubeka izandla nokulandela imiyalelo Yakhe, ndiyanicela ukuba nize apha nize nime kunye nam ukuba niyakholelwa oku ukuba yiNyaniso. Nawuphi umlungiseleli weVangeli, ukuba ungumWisile, mBhaptizi, mRhabe, mLutere, umpriisti wobuKatolika, nantoni oyiyo; ukuba niyakholelwa uYesu Kristu uyabaphilisa

abagulayo, kwaye uyalele abafundi Bakhe ukuba babeke izandla kwabagulayo, ukwenzela impiliso yabo, ningeza apha?

²⁹⁸ [UMzalwana uthi, “Xelesa wonke ubani aye ngasemva.” UMzalwana uPeary Green uthi, “Wonke umntu ofuna ukuthandazelwa, makaye ngasemva.”—Mhl.]

²⁹⁹ Ngoku yiyani ngasemva nize nilandele ukujikela, yabona. Bonke kule migca ngoku, yiyani kanye ngasemva nize nithabathe indawo yenu, landelani ukujikela *ngalaa* ndlela, nize emva koko nibuyele kanye endaweni yenu kwakhona, nje ngocwango elinakuba lilo.

³⁰⁰ Ndiyamangala, bazalwana, ukuba ukuba sinokuhla siye phaya? Ndinga leyo yimbono elungileyo. Ngoku, ngcono ushiye lo mboko wokuthetha apha. Masi... Roy, yima apha ngakumboko wokuthetha. Okanye, ewe, kungcono uhle kunye nam, uyabona. Ewe. Okanye, ngaphandleni ufuna ukuma apha. Kulungile, Roy, yima apha ngoko. Kulungile.

³⁰¹ Ngoku niyahamba. Ngoku ndifuna, kungabikho mntu umkayo, ndiyacela. Yabona, kwa eyona nto ebisithandazela yona!

³⁰² Ngoku uthi, “Mzalwana uBranham, kutheni uyakuzisa bonke aba balungiseleli phezulu apha?” Ndizakuza kanye nabo. Kodwa ndi... .

³⁰³ Yabona, into eyiyo, banelingako ilungelo lokuthandazela abagulayo njengoko ndisenza, okanye nabani esenza, kangango Oral Roberts okanye—okanye nasiphi isikhundla, akukhathaliseki ngubani. Banelingako ilungelo lokuthandazela abagulayo njengoPetros, James, John, Mateyu, Marko, Luka, nawuphi kubo ababenalo. Bangabalungiseleli, ababizwe nguThixo. Kwenzeke ndibone ababini okanye abathathu abazalwana ngaphakathi phaya endibaziyo, buqu, abanolungiselelo lokuthandazela abagulayo.

³⁰⁴ Ngoku njengoko nizidwelisa ngapha, ndifuna... .Bangaphi kweli bandla abeyisekileyo ngokwaneleyo, ngentliziyo yenu yonke, okokuba niyakholelwa ukuba yintando kaThixo ukubaphilisa abo abantu. [IBandla liyavuya lize lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, iyiyiyo. Ngokuqinisekileyo, yintando kaThixo ukubaphilisa bona.

³⁰⁵ Ngoku baphiliswa njani? Ngoku, ukuba Ebelapha, Buqu, Ebengenakwenza ngaphezulu kunoko Akwenzileyo kanye ngoku. Niyakholwa yiloo nto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nje oko Akwenzileyo ngoku, koko Ebeyakwenza, kuba Usekwanguye izolo, namhlanje, naphakade.

³⁰⁶ Bangaphi abamaziyo uYohane oNgcwele 5:19 ekutsho oku, “UNyana akanakwenza nto Ngokwakhe”? Bangaphi abakwaziyo oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Kodwa oko Akubona uBawo ekwenza, oko uyakwenza uNyana.” Uyakholwa

koko? [“Amen.”] Ngoko, uYesu zange enze namnye ummangaliso ade uBawo ambonise Yena, ngombono, amakakwenze. Elo liLizwi Lakhe Yena. Ukuba oko akunjalo, ngoko sonke silahlekile, asazi apho sikhoyo. Nantso ke. Yabona, aMazwi Akhe awanakuphosisa.

³⁰⁷ Jonga kuYe edlula, equleni laseBhedesayda, iyure embalwa...malunga neyure phambi koko. Kwakulele indimbane enkulu yemilwelwe iziqhwala, iimfama, iziqhwala, abaxhwalekileyo. Bangaphi abayaziyo oko kuyinyaniso? Kwaye Akazange achukumse namnye wabo, nakubeni WayenguThixo wovelwano. Niyakholwa ukuba Wayenovelwano? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ukushiya la mama, kunye nosana olunentloko ezele ngamanzi; lowo ulusizi uyimfama utata, ebize umntu othile, amfake emanzini xa egxojagxojiwe. UThixo wovelwano! Yabona?

³⁰⁸ Abantu abalazi yintoni uvelwano. Baxubanisa *iphileo* uthando lobuntu ne-Agapao uthando lobuThixo; luthando olubini olwahlukileyo, konke konke. Uvelwano yinto enye; iminqweno, novelwano, lwahlukile.

³⁰⁹ Kodwa, jonga, Waya kwindoda mhlawumbi eyayinomhlaza wobudoda, okanye mhlawumbi yayinesifo sephepha. Yayikhubazekile; yayinayo malunga...ya—yayi—yayingamashumi amathathu anesibhozo yayinayo. Yayingazikuyibulala. Kwaye Waya kula ndoda, waze Wathi, “Uyafuna na ukuphiliswa?” Bangaphi abakwaziyo okuya ukuba yinyaniso? Waze washiya sonke isihlewele silele phaya.

³¹⁰ Kungathini ukuba Angenza oko eBeaumont, namhlanje? “Owu, bethu! Akukho nto kwimpiliso eNgcwele, ngoko, niyabona.”

³¹¹ Yabona, abaqondi. UYesu usenguye izolo, namhlanje, naphakade. “Andenzi nto de uBawo aNdibonise kuqala.”

³¹² Kodwa abantu abaninzi balala nje kwisithunzi Sakhe, baze baphiliswa ngokholo lwabo. Umfazi omncinci wachukumisa ingubo Yakhe waze waphiliswa. Bangaphi abakwaziyo oko? Impiliso isekelezelwe elukholweni lwakho. Ukubonakaliswa kukaThixo kusekelezelwe kwisithembiso seLizwi Lakhe, kodwa ukholo lwakho ekubonakalisweni Kwakhe koko kukuphiliswa. Ukuba akuyenzi, akukhathaliseki, eyona ndoda ingcwele ehlabathini inokuma apha ize ithandaze imini yonke, ayisayi kwenza nantwana elungileyo ude ukholwe yiyo, ngokuzinikela, ngokwakho. UYesu angabe umi apha ngoKwakhe, kumzimba wenyama, abeke izandla phezu kwakho, kwaye futhi akuyi kufumana mpiliso. Bangaphi abakwaziyo oko? “Emininzi imisebenzi yamandla Akazange abe nako ukuyenza ngenxa yokungakhohla kwabo.” Eso siSibhalo.

³¹³ Ke, niyabona, nina basemgceci wokuthandazelwa, kufanele ibe lukholo lwenu eLizwini. Ngoku ukuba nibona uThixo

esenza oko Akwenzileyo . . . Jongani, mandinike nje ubungqina obunye obuncinci ngelixa nisazilungiselelayo. Phulaphulisisani. Ubusuku phambi kobugqithileyo . . .

³¹⁴ Kukho umlungiseleli omncinci apha ndaweni ithile. Ndimbonile apha, kwithuba eligqithileyo. UMartin, ibiligama lakhe. Ndilibele . . . Ungomnye wabaxhasi ngezimali. Kanye *apha*.

³¹⁵ Malunga nasembindini wobusuku, ngokusondele kubo, umntu othile wandivusa egumbini lam. Umfo omncinci ekhala, umlungiseleli omncinci, usana lwakhe lwalusandula kusweleka. Iinyembezi zisihla ngezidlele zakhe.

³¹⁶ Uhlala phezulu ndaweni ethile e . . . Yintoni igama laladolophu abahlala kuyo? [Umtu othile uthi, “Missouri.”—Mhl.] IMissouri. Phezulu phi? [“Wardell, Missouri.”] Wardell, Missouri. Ndiyayazi inkwenkwe. Ndiyamazi umtakwayo apha, naye. Bangabahlobo bam.

³¹⁷ Lo mzalwana wahamba wangena phaya neenyembezi zisihla kwizidlele zakhe, wathi, “Mzalwana uBranham, ndisandula nje ukutsala umnxeba . . . Mfazi wam usandula nje ukunditsalela umnxeba. Usana lwam oluncinci lusandula ukuyeka ukuphefumla.” Wabeka izandla zakhe phezu kwam, wathi, “Mzalwana uBranham, ndiyakholwa iLizwi leNkosi likunye nawe.” Owu, angathini uThixo . . . Njengokufana, “Nkqu nangoku, Nkosi! Ukuba Ubulapha, umnakwethu nebe akafanga.” Yabona, wayengavumi kum. Wayevuma iLizwi leNkosi, niyabona, okokuba ndandishumayela iNyaniso. Wathi, “Ndiyakholwa iLizwi leNkosi likunye nawe. Mcele nje; usana lwam luyakuphila.” Kwimizuzu elishumi ukusukela ngoko, usana lwakhe lwaluphefumla ngokwesiqhelo, luphilile ngoku.

³¹⁸ Unyana wam emile apha ndaweni ithile, uBilly Paul, wayephumile ukuya kuthetha naye. Kwaye ndandiphaya kwimpahla zam zokulala. Kwaye malunga nemizuzu embalwa kamva wabuya, wathi, “Tata, Tata, jonga apha!” Kwaye umqala wakhe udumbe wonke, kwaye ubomvu, kunye nokudumba—nokudumba malunga nobuya bukhulu phaya. Wathi, “Esikhulu esimnyama isigcawu kunye nechokoza elibomvu kuso! Ndandimile phaya, ndandithetha noJohn, saze sandiluma phaya. Ndaza ndajonga phaya, iyadumba.”

³¹⁹ Ndathi, “Owu, Billy, umhlolokazi ontsundu, mhlawumbi.” Ndaze ndathi, “Jonga emqaleni wakho, indlela odumbe ngawo.”

³²⁰ Ndabeka isandla sam phaya, ndathi, “Nkosi Yesu,” kwimizuzu elishumi ukusukela ngoko kwakungekho nkqu . . . wawungenakho nkqu nokuxela ichokoza okokuba laliphaya. Yabona? Yintoni? Yabona?

³²¹ Umntu othile wangena ngenye imini waze wathi, e-ofisini, kwaye omnye, we-ofisi, waphuma, waze wathi, “Xeleta uMzalwana uBranham atsho nje okuya kumntwana wam . . .”

Wathi, “Ndiyakhohwa ukuba . . . oko uyakukutsho.” Kodwa, yabona, andinakuyitsho de Yena andixelele.

³²² Kodwa apha ndifumene iLizwi lisitsho oku, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakhohwayo. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila.” Ngoku, uThixo akanakuzenza ezo zinto aze akushiye umile phaya. Wena ufanele u . . . khohlelwa into ekwanye, iyakwenzeka kuwe. Kodwa ufanele uyikhohlelwe, hayi nje ukuyethusa. Kufuneka uyikhohlelwe.

Ngoku masithandazeni, kuqala, sonke ngokudibeneyo.

³²³ Ndifuna ngamnye kuni nonke . . . ngelixa abazalwana bemile apha kulo mboko wokuthetha. Ndiyehlela ezantsi phaya ukuze ndibe nakho ukubeka izandla kubo, nabo. Bangabantu bam, bangabam . . . Baziinkwenkwezi kwisithsaba sam, into enye abayiyo kwesenu isithsaba, bazalwana bam abangabalungiseleli. Ndiyeza apho ngokuba siyabathanda, kwaye bangabantwana bakaThixo. Siyaya ukuya kubanceda.

Ngoku masithandaze.

³²⁴ Nkosi Yesu, indoda enokuthi uBukhona Bakho abukho apha, iyakuba . . . kuyakube kukho into engalunganga engqondweni. Nje ngendoda eyakwala ukwamnkela ukukhanya kwelanga; umntu othile ayixelele ilanga liyakhanya, iyakubalekela ezantsi kumphantsi wendlu ize ivale ucango, ize ithi, “Ndiyala nje ukulamnkela! Ndiyala ukuyikhohlelwa!” Kuhle, siyakuyazi, Nkosi, ukuba into ethile engqondweni ibingalunganga kuyo. Kwaye kwenzeka njalo kwindoda eyakuvala iimbilini zayo zovelwano, eKukhanyeni kweLizwi likaYesu Kristu ebonakalisiwe, eyakuthi, “Andilikhohlelwa Lona,” kukho into ngokwasemoyeni engalunganga kunye nendoda.

³²⁵ Ke siyazi ukuba Wena ulapha, Bawo. Ngaphandle kwentandabuzo, siyakukholwa oko. Siyabona Eyakho—Eyakho imizila. Siyabona amaphawu Akho. Siyalibona iLizwi Lakho.

³²⁶ Kukho amakhulu ame apha kulomgca wokuthandazelwa. Kwaye amadoda alungileyo kaThixo ame apha, amagorha amakhulu oKholo; Ndiyehla ndiya kubeka igxalaba lam kunye nawabo, Nkosi. Xa aba bantu bagulayo begqitha ngawo lo mgca wokuthandazelwa, wanga ngamnye kubo angazi ukuba ayikokugqitha nje ngendoda ethile. Beza phantsi koMnqamlezo wesithembiso. Banga bangemka apha bephilisiwe, bemke bevuya, bephilile; baxelele umalusi wabo. Kwanga okuya kungabangela eyohlobo lwakudala imvuselelo yenzeke, ezantsi apha kwesi sizwe, Nkosi, izise imiphefumlo emininzi kuWe. Nkosi, bangabaKho. Bancede. Baphilise, ndiyathandaza, eGameni likaYesu Kristu.

Ndifuna wonke ubani ngoku kunye neentloko zenu ziqutyudiwe, nithandaza.

327 Kwaye ndifuna, njengoko nina...Phulaphulani, umgca wokuthandazelwa ngoku. Xa nigqitha ngawo, nje ngohlobo naniphantsi koMnqamlezo, kholelwani ngayo yonke into engaphakathi kwenu. Mkani ukusuka apha nivuya, nonwabile, nisithi, “Enkosi kuWe, Nkosi. Ndiyayikholelwa impiliso yam.” Kwaye ukuba anikukholelwa oko, ngoko nje niyakufaneleka nje nithabathe isihlalo senu, ngokuba ayisokuze yenze nantwana elungileyo.

328 Ndifuna lonke ibandla, wonke ubani, atyhobozele phezulu eZulwini, ngolwa hlobo, eBukhoneni bukaKristu, “Nkosi uYesu, Zazise kuthi ngoku! Philisa aba bagulayo!” Ungayenza? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

UMzalwana uBorders, ngelixa ucula, *Kholwa Kuphela*.

329 Shiya okuya apha. Asikudingi. [Umzalwana ubuza malunga nomboko wokuthetha, “Uzakuwushiya apha?”—Mhl.] Ehe.

330 [Umzalwana uBranham kunye nabalungiseleli bayehla ngoku baze bathandazele wonke umntu oza ngomgca wokuthandazelwa, ngelixa uMzalwana uRoy Borders ekhokela ibandla ekueleni u*Kholwa Kuphela*. Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

Kholwa kuphela!

331 Masiphakamiseni izandla zethu ngoku.


Zonke izinto zinakho ukwenzeka, kholwa kuphela.

Ngoku masiyitsho ngolu hlobo:

Ngoku ndiyakholwa, owu, ngoku
ndiyakholwa,
Zonke izinto zinakho ukwenzeka, ngoku
ndiyakholwa,
Ngoku ndiyakholwa, owu, ngoku
ndiyakholwa,
Zonke izinto zinakho ukwenzeka, owu, ngoku
ndiyakholwa.

332 De ndiphinde ndihlangane nani kwakhona, ndifuna ukushiya iTexas ndibabona bekhwaza imibongo kaThixo. Masiphakamiseni nje izandla zethu size sinike uThixo umbongo, wonke ubani kuthi. [IBandla likhwaza ngovuyo kwaye libonge uThixo—Mhl.]

333 Nkosi uYesu, sibulela Wena ngeLizwi Lakho, oko Uthe wasenzela kona. Ndibulela Wena, ngokubanakho ukuthetha kwaba bantu balungileyo, kunye nokubona amandla Akho neentsikelelelo phezulu kwabo. Basikelele, Nkosi. Banga bangaqonda. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele angaphilisa wonke ubani kwaye asindise wonke ubani, kule mihla yokugqibela. NgeGama likaYesu Kristu, Nkosi, ndibanikelela

kuWe ukuze babe zizinto zokwakha uMtshakazi, kuba bayakholwa ngalo ubabalo lukaThixo. 

IMPEMBELELO XHO64-0315
(Influence)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa emvakwemini, Matshi 15, wama-1964, eMunicipal Auditorium eBeaumont, eTexas, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org